# *Indawo Ebonelelweyo NguThixo Yokunqula*

Makhe sithobiseni iintloko zethu nje okomzuzwana.

Bawo waseZulwini othandekayo, ngokuqinisekileyo sikuthabatha njengenyhweba ukuba lapha namhlanje kwesi sixeko saseLos Angeles, kwaye phakathi kwaba, amakholwa lawo. . .aNyuliweyo lawo abiziweyo aphuma ehlabathini, abantwana bakaThixo abahlukanisiweyo, kule yure inkulu leyo siphila kuyo, phantsi kolu lindelo lukhulu lokubonakala kweSithandwa sethu, iNkosi uYesu, nangaliphi na ixesha. SiyaKubulela ngako oku entliziyweni yethu, ukuba siyakholwa ukuba Uyakuza kwisizukulwana sethu. Sikhangela Yena namhlanje. Ukuba Akakho apha namhlanje, kwaye silapha ngomso, siyakube sikhangela Yena ngomso.

2 Thixo Othandekayo, siyathandaza ukuba lo mhlangano uyakuba nje ngu—ngumhlangano okhethekileyo. Langa eli lingaba lixesha iyakwenza i—irekhodi lenkqubela phambili yeBandla, leyo iyakuba kwiiNcwadi Zakho kuNaphakade. Sikelela zonke iinzame ezibuthakathaka ezo esizenzayo, Bawo. Siyaqonda ukuba singaba ngenampumelelo ngokupheleleyo ngaphandle Kwakho, ke ngoko ke kufuneka sibe naWe, Nkosi, ukuba singanako ukuqhubeka. Kwaye asikufuneli oku ukwenzela uzuko olulolwethu. Sikufunela oku ukwenzela uzuko Lwakho. Kuba lowo ngumnqweno wentliziyo yethu, kukubona uYesu ezukisiwe ebantwini Bakhe. Ukomeleza ukholo lwabo, Nkosi, ngalo mhla xana umlo unzima kakhulu, size kule mvuselelo iphakathi kwethu, kunye nokurhoxa, ukuhlaziyeka. Siyathandaza ukuba Uyakusipha zonke ezi zinto, kuba sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

3 UMzalwana uShakarian, uDade uWyatt, kunye nakwizihlobo zeNkosi yethu uYesu Kristu, ngokuqinisekileyo ndiyalixabisa eli thuba lokuba seLos Angeles kwakhona, ukushumayela ngalo Yesu wozuko lowo esilapha phandle sonke ukuba sifunde ngakumbi malunga naye namhlanje. Ukuba iinzame zethu. . .

4 [Umntu othile uthetha kuMzalwana uBranham malunga nomboko—Mhl.] Ewe, mhlekazi. [Indawo engenanto eteyiphini.] . . .olu hlobo. Lo ngumcimbi onzima kakhulu. Uthi, lento ayithandi kusebenzisana. [Abanye bacebisa indlela yokuhlengahlengisa umboko.] Ke, awuyikusebenza ngolo hlobo.

[Indawo engenanto eteyiphini.] . . . Mzalwana uShakarian. Ngoku lowo uvakala ngcono kancinci.

5 Ndiluhlobo lokuba mncinci, ndinezwi elincinci, kwaye kodwa uMyalezo omkhulu ovela eNkosini. Nenkcaso eninzi evela kuSathana, ukwale kuWuziseni, kodwa siyakufika apha nakanjani na. Siyathemba ukuba le iya kuba yiveki emnandi kuthi sonke.

6 Bendihleli phaya ndicinga ukuba zingaphi izihlandlo apho uMzalwana wethu othandekayo ongasekhoyo uThomas Wyatt, akukho ntandabuzo, wayethethe kule pulpiti, umkhonzi omkhulu kuKristu.

7 Bendimazi uMzalwana uWyatt. Wayesoloko eyimpembelelo enkulu kum xana ndihlangana naye kwaye ndithethe naye. Ndiyakhumbula, kanye njengomshumayeli oyinkwenkwe, ubeya kusoloko . . . incwadi yakhe, ebizwa, *Iimpiko Zempiliso*. Ndiyasithanda eso sihloko, *Iimpiko Zempiliso*.

8 Kwaye siyavuya ukuba lapha kule tempile inikelweyo ukwenzela inkonzo kaKristu. UThixo asikelele umhlolokazi wakhe, nani nonke bantu aba . . . Ngokuqinisekileyo, ndiyazi ukuba niyamkhumbula, kananjalo. Ndayikhumbula inkqubo yakhe, xana ndisiva ukuba akasekho. Ndandithanda ukuliva elaa zwi. Wayesele ekhula kancinci, kodwa wayesaphethe izwi elilungileyo elomeleleyo, kwaye—kwaye wayenomyalezo ovela kuThixo. Kwaye ubomi bakhe busaqhubeka buphila apha kuni bantu. Kwaye nangaphaya emasimini obumishinari apho wathumela khona zonke ezo zixa, na njalo njalo, iVangeli isaqhubeka ngenxa kaThomas Wyatt. Wanga umphefumlo wakhe ungaphumla ngoxolo kude kufike ixesha lokuba sihlangane naye kwelaa Lizwe lizukileyo apho kungekho kufa okanye kuguga. Silapha ukuqhubeka ngoku lide ixesha lethu libizwe okanye uvuko olukhulu xana uYesu esiza kusithabatha sonke.

9 Ngoku ndiyazi ukuba ninenkonzo apha, ndicinga ukuba, ngokuhlwanje. Kwaye bendixelelwe, kwimizuzu embalwa edlulileyo, ukuba—ukuba ninenkonzo apha ngokuhlwanje, ke ndiya kukhawuleza nje kangangoko ndinganako.

10 Ngokuba, ndinobusuku bangoMvulo, nobusuku bangoLwesibini, nobusuku bangoLwesithathu, njalo njalo, kule veki, ke ndiyathemba ukuba iNkosi iyakusisikelela. Siya kuthandazela abagulayo. Siyakushumayela uKristu, ukuba Uyakusivumela, ukuba kukuthanda Kwakhe, kuwo onke amandla ovuko Lwakhe lawo Aya kusivumela ukuba senze. Kwaye nantoni na Anikela ukuba yenziwe, oko sifuna ukukwenza ngentliziyo yethu yonke. Kwaye ndi—ndiyazi ukuba Uyakusisikelela nje ukuba siyakukholwa kuYe.

11 Kwaye ngoku kanye nje ngaphambi kokuba sivule iLizwi, ukuba siLifunde, ndifuna ukuthetha kuYe kwakhona, ngeli

thuba sithoba iintloko zethu kwaye sizola ngoku, kwaye sithemba ukuba ukudideka kuphelile. Siyaqonda, onke amaKristu ayazi, ukuba utshaba, utshaba lwethu, lusebenza kwicala ngalinye. Kodwa, yabona, xana izinto ezilolo hlobo zisenzeka, bambelela nje uzole. UThixo uyazi ukuba konke kumalunga nantoni na. Yabona, nje hlala uzole, kusenokuba Ebesenza into ethile leyo ungenakwazi nto malunga nayo kanye ngoku. Makhe sithethe kuYe.

12 Bawo, siyathandaza ngoku ukuba Uyakuluzolisa ulwandle, iNkosi uYesu enamandla ize ihamba phezu kweLizwi laYo ngoku, isazisa kuthi, kumanqanaba amatsha, kunye namandla aYo nokubonakalalisa. Siyakucela oku, njengokuba sifunda iLizwi laYo, langa Lingadliswa ubomi ezintliziyweni zethu namhlanje, ukuze sibe nokuYazi, emandleni ovuko lwaYo. Kuba sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

13 Ngoku ukuba niyakutyhila kwiNcwadi yeDuteronomi. Ndifuna ukufunda umqolo, okanye emibini, ukuphuma kwiNcwadi yeDuteronomi, isahluko se-16 seDuteronomi.

> *Yigcine inyanga engu-Abhibhi,* oko kuthetha u-Epreli, *kwaye ugcine ipasika ku* Yehova *uThixo wakho: kuba wakukhupha ngenyanga engu-Abhibhi* u Yehova *uThixo wakho . . . eYiputa ngobusuku.*
>
> *Uya kubingelela ngoko ke ipasika ka* Yehova *uThixo wakho,* kwimpahla emfutshane *kunye* nase *zi*nkomeni, *endaweni* apho *aya* kulibeka *u* Yehova . . . (ndixoleleni) . . . *endaweni leyo aya kuyinyula u* Yehova *ukuba alibeke kuyo igama lakhe* phaya.
>
> *Uze* un*gadli sonka sinegwele kunye nayo; iintsuku ezisixhenxe* uya *kudla izonka ezingenagwele* kuyo, kunye *nesonka sosizi; kuba wa*phuma *buphuthuphuthu elizweni laseYiputa:* . . . *uze uwukhumbule umhla* lowo *owa*phuma *ngawo* . . . e*lizweni laseYiputa yonke imihla yokudla kwakho ubomi.*
>
> *Kwaye akuyi kubakho gwele libonwayo* kuwe, kuyo yonke imida, *yonke imida yakho imihla esixhenxe; akusayi kubakho* na*yiphi na* . . . *inyama, leyo uyibingeleleyo* ngokuhlwa *ngomhla wokuqala*, *iya kuhlala* konke kude *kuse*.
>
> *Akuyi kuyibingelela ipasika kulo naliphi na* isango . . . *elo u*Yehova *uThixo wakho akunika lona:*
>
> *Kodwa endaweni leyo u*Yehova *uThixo wakho aya kuyinyula ukuba alibeke kuyo igama lakhe, phaya u*ya *kubingelela khona ipasika ng*okuhlwa, na*sekutshoneni kwelanga, ngexesha elo owathi* waphuma *ngalo eYiputa.*

14 [Usana luyalila ebandleni—Mhl.] Ingathi sinenkathazo kwakhona. Ndiyakholwa ukuba ndingakhwaza kakhulu kunokuya. Uh-huh.

15 Yeyona tekisi ingaqhelekanga kakhulu endinqwenela ukuthetha ngayo okomzuzwana omncinci, ngale mvakwemini, kukwi: *Indawo Ebonelelweyo NguThixo Yokunqula.*

16 Ngoku, oku akuqhelekanga. Kodwa njengokuba besenditshilo, amaxesha amaninzi ngaphambili, okokuba uThixo udla ngokuhlala ezintweni ezingaqhelekanga, kwiindawo ezingaqhelekanga, wenza izinto ezingaqhelekanga, ngokuba Akaqhelekanga. Nabani na okholelwa kuYe, wenza ngokungaqhelekanga. Kukho ezininzi, izinto ezininzi ezo esingathanda ukuzithetha malunga nokungaqheleki Kwakhe. Kodwa ndiyazi ukuba bonke, abaqheleneyo naYe, bayazi ukuba Akaqhelekanga, wenza izinto ezingaqhelekanga, ngamanye amaxesha ngexesha elingaqhelekanga. Ke siyathemba namhlanje ukuba uThixo uyakusikelela ezi, oku kufundwa kweLizwi, kunye netekisi leyo endikhethe ukuthetha kuni ngayo.

17 Ngoku, oko endicinga ukuba kubangele inkathazo yethu apha, yayikukuba, bazinqumla ezo zishicileli zeteyiphu ngaphaya, baza batsala nje ijelo kanye ukuphuma kumboko. Ke, ukuba abayilungisi, ngokuba, niyakundiva nakanjani na. UThixo uya kulungisa iindlebe zethu ukuze sibe nokuva.

18 Isizathu sokuba ndifune ukuthetha kule tekisi, kwaye lixesha elilungileyo lokuyenza, kumhlangano waMadoda angooSomashishini beFull Gospel, kungenxa yokuba onke amabandla, okanye amaninzi awo, amelwe kweli qela, onke amahlelo ahlukeneyo.

19 Kwaye ndifumana, ngamaxesha amaninzi, ukuba abantu, endihlangana nabo esitratweni, koohola bendlela, nakwiinqwelo moya, koololiwe, ezibhasini, ndiya kuthi kubo, “Ingaba ungumKristu?”

20 Omnye wabo uya kuthi, “Ke, ndingumWisile. NdingumBhaptizi. NdingumRhabe. NdingumLutere. UmPentekoste,” okanye into ethile elolo hlobo.

21 Wonke umntu unehlelo elo anqwenela ukulimela. Kwaye oko kulungile ngokugqibeleleyo ukumelwa lihlelo, kodwa, nangoko, indawo embi yayo, ukuba ngamnye ucinga ukuba eli qela lithile kukuphela kweqela eli—eliya kuya eZulwini, kwaye lilo kuphela elo—elo uThixo amelwe kulo, konke konke, liqela elithile lomntu othile. Ndiyendacinga ngale mvakwemini kuya kuba lixesha elilungileyo lokuba ndiyizinzise loo nto. [Ibandla liqhwaba izandla—Mhl.] Kwaye mhlawumbi yiloo nto uSathana eqhubeka esebenza kulo mboko. Uyazi, nantoni na umntu ayenzayo iyakuhamba ngokuphosakeleyo, kodwa loo nto uThixo ayenzayo ayihambi ngokuphosakeleyo. Ke ekubeni

kulixesha elilungileyo lokuyenza, endawo elungileyo yokuyenza, ke, uThixo makasincede ukuba, ngobabalo Lwakhe, siya kuzama ukwenza okungcono kwethu ukuthetha malunga nayo.

22 Ngoku le tekisi, iphuma kwiNcwadi yeDuteronomi. Ndiyaqonda ukuba iDuteronomi . . . njengokuba ndinezinye iZibhalo nezinto ezibhaliweyo phantsi apha.

23 Bendidla ngokucinga ngazo ngokukhawuleza ngenene, kodwa ukususela oko ndadlula amashumi amabini anesihlanu, okwesibini, kuba nzima kancinci kum ukuyikhumbula. Ke, ndingena egumbini kwaye ndithandaze. Kwaye njengokuba Endinika iZibhalo, ndizibhala phantsi, kwaye mhlawumbi ukuphawula ngoku nangoko, ngaso, uhlobo lokugcina ingqondo yam ibaleka ngendlela eyayiyiyo xana Wayendinika sona.

24 *IDuteronomi* ekubeni iligama lesiGrike elithetha "imithetho emibini," igama iDuteronomi. Kwaye uThixo unemithetho emibini.

25 Kwaye omnye wayo ngumthetho wokufa, ekungathobelini iLizwi Lakhe. Sifumana ukuba, xana u-Eva engazange alithobele iLizwi Lakhe, oko kwazisa ukufa. Lowo ngomnye wemithetho Yakhe, "Mhla uthe wadla kuwo, ngaloo mhla uya kufa."

26 Kwaye ngoko Unomnye umthetho, lowo ongumthetho woBomi, wokuthobela. Ukuba awenzi *okunjalo* nezinto, ngokuba, ukugcina iLizwi Lakhe, uyakuphila.

27 Ukuya kutsho kwizinto ezimbini, kwindlela yam yokucinga, leyo, kukugcina iLizwi Lakhe okanye ukungalithobeli iLizwi Lakhe.

28 Omnye wale mithetho wanikelwa kwiNtaba yeSinayi. Kwaye omnye wawu . . . Lowo ngumthetho wokufa. Omnye umthetho wanikelwa eNtabeni yeKhalvari, apho umthetho woBomi wanikelwa khona, ngoKristu Yesu.

Kananjalo Uneminqophiso emibini.

29 Wayenomnqophiso no-Adam, umntu wokuqala emhlabeni. Kwaye loo mnqophiso wawunemiqathango, "Ukuba wenza *nje-na-nje*, Ndiyakwenza *nje-na-nje*." U-Adam wayenento ethile ekumele ayenze ukuze awugcine uphila lo mnqophiso phambi koThixo. Kwafuneka ukuba ahambe kwiindlela zikaThixo, eligcina lonke iLizwi Lakhe, engaphuli nalinye iLizwi.

30 Kodwa emva koko Wenza omnye umnqophiso, kwaye lowo wawukunye no-Abraham. Lo mnqophiso wawungekho phantsi kwemiqathango, kodwa wawungenamiqathango. UThixo wanika umnqophiso ku-Abraham, kungekho zibophelelo zibotshelelweyo kuwo, konke konke. Kungenamiqathango! Hayi, "Ndiyaku." "Ndiwe! Sele ndiwenzile."

31 Kwaye lowo ngumthetho lowo amaKristu afanele ukuba aphile ngawo. Akuyiyo loo nto siyenzayo ngokwethu, kodwa

loo nto Asenzele yona. UKristu sele enziwe idini. Hayi, "Uya kwenziwa." Sele Elenziwe! Yimveliso egqityiweyo. Waphila, wafa, wavuka kwakhona, wenyukela eZulwini, uyewabuya ekwimo yoMoya oyiNgcwele. Ke, ngumsebenzi ogqityiweyo, noThixo. UKristu, engazani nasono, waba sisono sam, ukuze ndibe nokuma endaweni Yakhe, Wathabatha indawo yam. NdandikuYe, eKhalvari, xana Wafayo. Phaya ndimelwe kukufa kunye naYe, ukuze ndiphile. Ngokuba umthetho wesono nowokufa usemzimbeni, umelwe kukuba ufe, ukuze uxolelaniswe kuYe.

32 Kodwa ngoku sifumana onke la magama esinokuwasebenzisa, ezi tekisi zinkulu, ezo esiqheleneyo nezininzi zazo, kunye nemifuziselo emikhulu yeSibhalo. Kodwa, ngale mvakwemini, sijamelene noku, ukuba, ebusweni bako konke oku, Usatsho ukuba inye kuphela indawo leyo Ayakuhlangana nawe kuyo, ebusweni balo lonke ulwazi lwengqondo lwethu olwahlukahlukeneyo. Siye saba nobuYuda. Siye saba nobuMohammed. Siye saba. . .Sinazo zonke iintlobo zemvumo nkolo namahlelo, iicawe, na njalo njalo, kodwa nangoko uThixo wathi kukho nje indawo enye leyo Ayakuhlangana khona nawe. Zonke ezo ndawo, ngamnye uthi, "Uhlangana ecaweni yam. Kwaye ukuba awungowecawe yam, A—Akayi kuhlangana nawe. Wena, umelwe nje kukuba ube kweli qela okanye A—okanye Akayi kuhlangana nawe phaya. Okanye, Akasayi kuhlangana nawe naphi na kwenye indawo kodwa phaya, kunokuba."

33 Kwaye ngoko sifumanisa apha ukuba Unendawo enye, nje indawo enye kuphela. "Uya kubingelela idini kwindawo leyo iNkosi uThixo wakho iya kuyenyula." Ngoku Unendawo ayenyulileyo leyo Ahlangana kuyo nabantwana abanqulayo, kwaye babengamele kubingelela naphi na engenye indawo ngaphandle kwaloo ndawo inye. Nayiphi na enye indawo ibingayikusebenza. Wayenendawo enye ethile leyo Ayakuhlangana kuyo nabo. Kwaye indawo enye, yodwa, kulapho Ahlangana khona nomnquli.

34 Ngoko, ukuba oko yinyani, kungcono silumke kakhulu ukuba siyifumane loo ndawo. Ndicinga ukuba kufanelekile kakhulu oko kuthi, ukuba, njengabantu abaziyo ukuba siyafa, kwaye siphila kuhlanga olufayo, siphila kwisigaba esifayo, siphila kwisizwe esifayo, phantsi kwebhanile yokufa.

35 Kwaye eli hlabathi limele ngokukhawuleza lifikelele esiphelweni. Alinakuhamba xesha lide. Isono sinzulu kakhulu. Singaphaya kwethemba. Akusekho themba kwihlabathi. Ligqithile koko.

36 Ndiyakholwa ukuba uMoya oyiNgcwele uyabhikica emasimini, efumana *lo* kunye na*lowa*, kuba ilixa liphelile. IVangeli ishunyayelwe kwizizwe zonke, ii-isms nezinto

ziyilandele, kodwa nangoko iVangeli iyeyaqhubeka nje ngendlela enye.

37 Kwaye ngoku, kwixesha lesiphelo, sibona izinto zisenzeka ngendlela ezingayo, kukho isilumkiso esikhulu phakathi kwabantu abanyuliweyo bakaThixo, ukufumana oko kulungileyo. Kwaye kusifanele ukuba siyazi loo nto. Ngoku, hayi ulwazi lomntu othile lwengqondo, kodwa ukwazi ukuba yintoni iNyaniso, yintoni iBhayibhile ethi iyiNyaniso. Ngokuba, kuyakuba semva kwexesha kakhulu ngolunye lwezi ntsuku, kuthi, kwaye olu kusenokuba lusuku, ke makhe sithabathe ingqalelo ngenene yoko uThixo akuthethileyo.

38 Khumbula, xana uThixo ethetha iLizwi, Akanakuze alibuyise umva. Umelwe kukuba ahlale enjalo. Akanakuze athethe into ethile, aze ngoko athi, "Ke, bendi—bendingathethi loo nto ncam." Yabona, Ungongenasiphelo. Wazi okona kungcono, kwindawo yokuqala. Sithetha izinto esicinga ukuba zingcono, kuze emva kwexesha siyirhoxise. Kodwa uThixo akanakuyenza loo nto, aze ahlale enguThixo. Ke ukuba Akanasiphelo, A—Akakwenzi oko, ngokuba Ugqibelele kulo lonke iLizwi. Akakaze athethe iLizwi ngaphandle kokuba libe linguNaphakade. Bonke aBakhe abanguNaphakade babenaYe ekuqalekeni, iingcinga Zakhe, iimpawu Zakhe, kwaye bazibonakalisa kuphela kwihlabathi namhlanje.

39 Ngoku, khumbula, Uye wabonelela indawo, indawo enye kuphela apho Ayakuhlangana khona nabantwana abakholwayo. Naphi na kweyenye ayinakusebenza.

40 Khumbula, uYesu wathi, xana Wayelapha emhlabeni, ethetha kwigqquba labantu ababengabenkolo kakhulu, belunge kakhulu, benenkcubeko kakhulu, abantu abanenzondelelo kakhulu, kaThixo, kodwa uYesu wathi kubo, "Nifumana niNdinqula ngelize," nifundisa iMfundiso nezithethe zabo zabantu. Khumbula indlela ababengcwele ngayo abo bantu, nendlela ababenenzondelelo kaThixo ngayo. Ndiyakholwa ukuba sasinokubala abantu ababenenzondelelo ngakumbi, abanamhlanje okanye ngaloo mhla, babeya kuba nenzondelelo ngakumbi kunathi. Kude kakhulu! Xana kusiziwa ekugcineni izithethe nemithetho, nezinto, babephila ngezo zinto. Kwaye babenenzondelelo kakhulu ngoThixo, kwaye babekholwa kuThixo. Kodwa uYesu, uThixo enziwe inyama phakathi kwethu, wathi, "Nifumana niNdinqula ngelize." Ngoku, Akazange athi babengaMnquli. BabeMnqula, kodwa ngelize.

41 Ke ngoko nantoni na elilize ayiyo-, ayinamsebenzi, ayincedi kwanganto. Ungaze uyenze, ngokuba uchitha nje ixesha lakho. Umosha umoya wakho, uchitha iinzame zakho, side sifike apho siyaziyo into esiyenzayo.

42 Ngokuqinisekileyo, ukuba uThixo ulindele ukuba abantu bagqibelele, njengoko uYesu watshoyo, "Ke ngoko yibani

ngabagqibeleleyo nkqu njengokuba noYihlo oseZulwini egqibelele," kumele ukuba kubekho ukulungiselela okuthile ndaweni ithile. Kwaye Wathi, "Ndiya kunyula indawo apho abantu beya kuNdinqula khona. Ayikho enye indawo eNdiya kuhlangana nabo kuyo." Kwaye, ngoku, leyo imelwe kukuba ibe yiloo ndawo, kwaye sifanele ukuba siyikhangele. Sifumanise apho ikhoyo, size ngoko siye phaya. Ndicinga ukuba sifanele sijikele phaya, ngokukhawuleza, xana sifumana indawo, sishiye ezinye izinto zodwa.

43 Ngoku, khumbula, uYesu wathi kwakwesi Sibhalo sinye apha eso endisicaphulayo. Isithethe soMntu ngoko sililize. Masingaze siziqhathe ngaso. Kufuneka kubekho, ndaweni ithile, indawo ethile leyo Ayiboneleleyo indawo ngenxa yethu, leyo esinokuza kuyo luze unqulo lwamkeleke. Ngoku, khumbula, ngaphandle kwaloo ndawo inyuliweyo, akunamsebenzi nokuba unyaniseke kangakanani na, nokuba ufunda ngokwesiseko kangakanani na, nangoko usanqula ngelize.

44 Ndiyazi ukuba oko kuvakala kukrwada. Kodwa, isakhiwo sele simalunga nokugqitywa, asisifuni ukuba sishukume. Makhe sisibethelele phantsi ngeVangeli, ukuze xana abantu behlangana nani esitratweni, okanye naphi na apho nikhoyo, nina maKristu, ukuba niya kuba nempendulo kubo.

45 Kwiyure xana besithi, "Owu, *oku* koKuya. Kwaye ndibone *aba* besenza oku, kwaye *nabaya* besenza okuya." Ngokuqinisekileyo, zonke ezi zinto zimelwe kukuba zenzeke. Kodwa kukho indawo leyo ibonelelweyo nguThixo yedwa, kwaye leyo yindawo apho uThixo ahlangana khona nomnquli, yedwa.

46 Qaphela umqolo we-2, "Unqule endaweni leyo eNdiyinyulileyo." Unyule ntoni? Kule ndawo ubonisa ukuba Unendawo apho bonke abantu banqula khona. Ezinye iindawo zililize. "Kwaye kwakule ndawo inye," Wathi, "Kananjalo Ndinyule ukulibeka khona iGama laM kule ndawo. Ndiyakunyula indawo, kwaye Ndiya kulibeka iGama laM kuyo, kule ndawo leyo ayakunqula kuyo."

47 Ngoku, oku kubonisa ukuba kukho indawo enye, inye kuphela. Imelwe kukuba ibe kukunyula kukaThixo; ayinakuba kokwethu. Asinakhetho luzayo; Usele eyinyulile. Ngoku, loo nto uThixo ayinyulayo ilungile. Ndisenokukhetha ngokuphosakeleyo, usenokukhetha ngokuphosakeleyo, kodwa uThixo akanako. Khetha ngokulungileyo. Emva koko konke, iyi, UnguLowo unqulwayo. Kwaye Unendawo apho Afuna ukuba abanquli Bakhe bahlangane khona, kwaye kufuneka sihlangane naYe phaya. Leyo kukuphela kwendawo leyo Ahlala kuyo; indawo ekuphela kwayo Ayakukuva ukusuka kuyo.

48 Makhe siqaphele apha, kananjalo, "Indawo eNdiyinyulele ukuNdinqula kuyo, Ndiya kulibeka iGama laM kuloo ndawo."

49 Owu, ngoku makhe siziphengululeni iZibhalo ngenxa yaloo ndawo AneGama Lakhe kuyo. Ngoku sinezithunzi nemifuziselo, kuyo yonke iBhayibhile, siyayazi ukuba, yeendawo ezahlukeneyo apho Wahlangana khona nabantu, kodwa leyo akuyondawo leyo Ayakuhlangana nabo kuyo namhlanje. Ngokuba babesisithunzi sangaphambili sento ethile, eyayisiza kwindawo yokwenene apho Ayakuhlangana khona nabantu, indawo, iBandla elo Ayakuhlangana kulo. Kwaye kukho indawo, kukho iBandla, apho uThixo wathembisa ukuhlangana nabantu kule ndawo kwaye aphendule imithandazo yabo, ukuba nje babeyakuza kule ndawo baze baMnqule.

50 Ngoku sifumanisa ukuba kukho amabango amaninzi wokuba—wokuba banendawo, iGama likaThixo lisendaweni yabo. Kodwa, uyabona, *ba*beka iGama likaThixo phaya. Kukho umahluko omninzi phakathi koThixo ebeka iGama Lakhe phaya, nomntu othile elibeka phaya, iGama Lakhe phaya. Yabona? Kumele sikhumbule ukuba uThixo wathi, Uya kulibeka. "Ndibeke iGama laM. Ndiya kulibeka iGama laM kule ndawo. Kwaye leyo yindawo leyo Ndiyinyulayo, kwaye ndiyinyulileyo, leyo abantu abamelwe kukunqula khona."

51 Oku, kusizisa ngoku ekuboneni ezi zithunzi zexesha, zisizisela uKristu ekubonakaleni. Yonke iTestamente eNdala yayisisithunzi sikaYesu sangaphambili. EYiphutha, ngobo busuku xana kwakumele kubekho i—imvana yepasika exhelwayo ukwenzela ukhuseleko lwabantu, siyaqonda ukuba uThixo wayenendawo enye, imeko enye. Akunamsebenzi umntsha kangakanani, umdala kangakanani na umbingeleli, umfundisi, nokuba wawuyintoni na, umelwe kukuba kule ndawo ithile. Bonke ngaphandle kwaloo ndawo, batshabalala. Umelwe kukuba kule ndawo inye, indawo leyo Awayibonelelayo.

52 Ngoku, singachitha ixesha elininzi kakhulu, ngale mvakwemini, ekucaciseni oko, ntoleyo iyakuba kukuphonononga nje lonto esele siyazi, yokuba uKristu wayesisithunzi njani na ngenxa engaphambili emifuziselweni. IMvana yedini, indlela eyayifanele ukuba igcinwe ngayo, iduna elingenasiphako, kwaye nendlela eyayimelwe kukuba ixhelwe ngamadoda amakhulu ngayo, kwaye nendlela leyo igazi elalimelwe kukuba litshizwe ngayo emnyangweni, konke oko kwakusisithunzi sokuza kukaKristu ngenxa engaphambili. Kwaye phantsi kweli gazi liphalaziweyo yayiyindawo leyo uThixo wayehlangana kuyo nomnquli, xana ingelosi yokuFa yayidlula kulo lonke ilizwe.

53 Ndiyakholwa ukuba sikulungele ukuphumela ngaphandle kweYiphutha, ngolunye lwezi ntsuku, size siye kungena kweli Lizwe ledinga. Kwaye lixesha lokuba sifike endaweni eyiyo, kwaye siyiyeke le nto apha yokuxambulisana, "NdingumRhabe. NdingumWisile. NdingumBhaptizi. Ndi*koku*. Ndiko*kuya* okanye *okunye*." Phuma kuyo, kwaye ufumane apho le

ndawo ikhoyo, ngokuba kukho ukufa kuyo yonke indawo ngaphandle kwendawo Ayinyulileyo. Ukufa kuyakubetha kanye njengokuqinisekileyo kanye njengehlabathi, ukuba asikho endaweni Yakhe ayinyulileyo. Kodwa apho Anyule khona, ukufa akuyi kuza.

54 Ukuba uyaqaphela emvaneni yedini, ukufa kwakusele kutyelele phaya. Ukufa kwakufikile kule ndawo ngenxa yokuba imvana yayifile. Ukufa kwakusele kutyelele. Kwaye ke apho ukufa kwakutyelele khona, ngoko uThixo wathembisa ukuba leyo iyakuba yindawo Yakhe. Ngoko, Yena embonisweni, siyabona ngoku ukuba yayiyintoni na imvana yedini, yayiyintoni na indawo yobomi ngeloo xesha.

55 Ngoku, kum, oku kugxeka zonke impikiswano. Kunye noKristu ekubeni esembonisweni, ekubeni eyiMvana yedini, ngoko oko kugxeka onke amahlelo, zonke iimvumo nkolo, zonke iimfundiso, bonke ubucawe. Kugxeka yonke into iphela. Kunjalo oko, kuba sifumana, apha, Yena embonisweni, kuba UliLizwi elisulungekileyo elingakrexezwanga likaThixo. UYohane oNgcwele 1, wathi, "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama waza wahlala phakathi kwethu." Ngoko ke UliLizwi likaThixo elingakrexezwanga elenziwe inyama, libonakalalisiwe.

56 Kwaye oku embonisweni, besingenako ukukuhlomela nakweliphi na ibandla ehlabathini namhlanje, naliphi na ihlelo. Nayiphi na indawo elolo hlobo, besingena kuba nako ukukuhlomela oko, ngokuba oko akunjalo. Sibeka iGama likaKristu phezu kwesakhiwo, sizibize ngokuba ngamabandla ka "Kristu," kwaye *oku, okuya,* okanye *okunye*. Oko akwenzi oko kube njalo. Oko akuyenzi loo nto, konke konke. Kodwa xana uThixo ebeka iGama Lakhe kwinto ethile, oko koko ekwenzayo.

57 Ngoku, akukho nto eBhayibhileni engafuzisela imibutho yethu yale mihla yangoku, ngaphandle kweBhabheli. Lowo kuphela komfuziselo wombutho walemihla yethu eBhayibhileni, unqulo olungumbutho, ngenxa yokuba lwasekwa nguNimrodi kwaye wanyanzelisa umanyano phakathi kwabantu bonqulo. Kwaye yiloo nto eyenziwa ziimvumo nkolo namahlelo ethu namhlanje, zinyanzelisa umanyano, "Unokuba ungoweli okanye ungaphandle!" Kwaye siyeza ngoku, njengokuba sinokubona, ekunyanzeliseni bonke ukungena kumanyano olunye olukhulu lwawo. Kodwa leyo yingcebiso yobuxhakaxhaka obenziwe ngumntu, kwaye ayinako ukuma. Oko akuyiyo intando kaThixo. Asiyiyo inkqubo kaThixo. Kungakhathaliseki nokuba abantu bazama kangakanani ukuba bathi yiyo, akuyiyo. Ayinakuze ibe yiyo. Oko nje akunakwenzeka, ukuba oko kube yiyo. UThixo ube ngenakulibeka iGama Lakhe entweni enjengaleyo ekhanyela iLizwi Lakhe. Ubeya kuphila njani uThixo entweni ethile leyo ikhanyela iLizwi eLileLakhe? Akanakuyenza loo nto.

58 Ke sifumanisa ukuba, ayihlonyelwa nakweliphi na ibandla, ubuWisile, ubuBhaptizi, ubuRhabe, ubuPentekoste, ubuKatolika, ubuQobo bamaGrike, nokuba ingayintoni na. Leyo akuyiyo indawo kaThixo yokunqula, nangoko.

59 Ngoku makhe uThixo, Lowo wenza esi sithembiso, avele kwaye asibonakalise, okokuba silungile. Leyo yindlela yokwenza oko. Ukuba UsenguThixo, UsenguThixo! Ukuba Wakha waba nguThixo, Uhleli enguThixo!

60 Kwaye ngoku sibona olu nqulo lunyanzeliswayo, kanye embonisweni ngoku, ukuzisa onke amaqela amancinci kubo "ubunye obukhulu," bakubiza oko. Abanye babo bakholwa *koku*, kwaye abanye bakholwa ko*kuya*; kwaye abanye bakhanyela *oku*, baze abanye bakhanyele *okuya*. IBhayibhile yathi, "Bangathini na ababini ukuhamba kunye bengathanga bavumelana?" Oko ukusayi kusebenza.

61 Kufuneka ukuba sibe sekuvumelaneni. Kwaye yintoni esisekuvemeleni ngayo? Hayi ukuvumelana omnye nomnye, njengokuba kufuneka ukuba sibe sesivumelwaneni neLizwi, noThixo. Oko koko ekumele kukubakho kwisivumelwano kunye.

62 Ngoku sifumanisa ukuba, kwaye umanyano olunyanzeliswayo lwalumelwe ngamaqela abantu eBhabheli. UThixo akanako ukulibeka iGama Lakhe kwinto enje ngaleyo. Akazange akwenze oko kwaye Akasoze akwenze. Nangona bayizamayo, bafaka igama labo kuyo, bafaka iGama Lakhe kuyo, kodwa ayinjalo.

63 Kodwa kufuneka sifumane apho Alibeke khona iGama Lakhe, kuba leyo yindawo kwaye indawo ekuphela kwayo leyo Aboneleleyo ngayo ukuba amaKristu eze kuyo, nabantwana abakholwayo, kwaye baMnqule kule ndawo. Ingaba le ndawo ibiya kuba yeyiphi na?

64 Ngoku ukuyixhasa, besingathabatha iBhayibhile yonke ukuxhasa oko endiya kukuthetha. Kuba, indawo leyo Ayenyulileyo ikuKristu, kuYesu Kristu. IkuYe, uNyana Wakhe; uNyana kaThixo, uYesu Kristu.

65 "Ke," ubuthe, "Bendicinga ukuba iSibhalo esifundiweyo apha ukuba Wathi Uyakunyula indawo, kwaye Wayeya kananjalo kubeka eLakhe 'IGama' kuloo ndawo."

66 Ke, unyana wasoloko ethabatha igama likayise. Igama lam ndinguBranham ngokuba utata wam wayenguBranham.

67 Kwaye uYesu wathi Weza eGameni likaYise Wakhe. UYohane oNgcwele 5:43, "Ndize eGameni likaBawo waM kwaye anindaMkeli," ke ngoko kulapho uThixo alibeke khona iGama Lakhe, phantsi kwedini loNyana OngoWakhe! Leyo kukuphela kwendawo uThixo aboneleleyo ngayo. Kulapho abantu banokuhlangana khona noThixo, kukuKristu. Leyo yindawo Yakhe aboneleleyo ngayo. Akukho hlelo, akukho mvumo nkolo,

akukho nto iyenye, uThixo athembise ukuhlangana kuyo. KukuYesu kuphela apho Ayakuhlangana khona, kuba leyo kukuphela kwendawo iGama Lakhe elikuyo.

68 Kananjalo siyamva uYesu, njengokuba ndilandela iSibhalo, uYohane, uYohane isahluko 5 kunye nomqolo wama-43, Wathi, "Omnye uya kuza, kwaye eze egameni lakhe, kwaye yena niya kumamkela." Singazimanya nemvumo nkolo, "omnye," singazimanya nehlelo, niyakumamkela; kodwa xana usamkela uYesu, kwahlukile. "Omnye uya kuza, 'Ndiyakuthi ndingumWisile, ndingumBhaptizi, ndingumRhabe,' niyakukwamkela oko ngokuchanekileyo. Kodwa ndiza eGameni likaBawo waM, ndisenza oko uBawo awathi Ndiyakukwenza, kwaye aniNdamkeli." Wathi, "UYohane weza, kwaye waye nobungqina obukhulu, kodwa Ndinobungqina obukhulu kakhulu kuThixo—kuThixo kunalonto uYohane wayenzayo. Kuba oko uBawo andinike kona ukuba Ndikwenze, oko Ndiyakwenza," aMazwi lawo ayebhaliwe ngaYe, lonto Awaye melwe kukuba yiyo ngaloo mhla. Kuba Wayenjalo . . .

69 IGama Lakhe lalinguThixo. UThixo unezihloko ezininzi. *UThixo* sisihloko, ngoKwakhe, wayebizwa ngokuba nguJehovah-jireh, Jehovah-rapha, Jehovah-manasseh. Wayebizwa ngokuba nguMfiyo waseSharon, iNyibiba yaseNtlanjeni, iKhwezi loKusa; u-Alfa, u-Omega, iSiqalo neSiphelo; emva koko uYise, uNyana, uMoya oyiNgcwele; zonke ezi zihloko.

70 Kodwa iGama Lakhe, iGama likaThixo lingu "Yesu Kristu," Lowo uThanjisiweyo. Elo liGama Lakhe. Wayenezihloko ezininzi, kodwa iGama elinye, ekuphela kwalo, "Alikho elinye iGama phantsi kweZulu elinikiweyo phakathi kwabantu, enimelwe kukuba nisindiswe ngalo." Sifumanisa ukuba leyo yinyani.

71 Kananjalo nangesi silumkiso, sokuba, "Xana lo ongomnye efika, lowo uza ngelilelakhe igama, 'ubuWisile, ubuBhaptizi, ubuRhabe, ubuPentekoste,' njalo njalo, niyakumamkela. Niya kuzimanya naye." Kodwa uKristu waliwe. Bayakwala Oko.

72 Umprofeti wathi! Makhe sileqe iGama Lakhe kancinci. Umprofeti wathi, "IGama Lakhe laliyakubizwa 'U-Emanuweli.'" Ngoku, u-Isaya wayithetha loo nto, malunga nesahluko se-7. Kwaye kananjalo kuMateyu 1:23, wathi, "Oku konke kwenzeka, ukuze kube nokuzaliseka oko okwathethwa yiNkosi ngomprofeti, isithi, 'IGama Lakhe liya kubizwa ngokuba ngu-*Emanuweli*, oko kukuthi ngentetho evakalayo, "UThixo unathi."'"

73 U-Emanuweli, kwaye iGama Lakhe lalinguYesu, uThixo enathi, ngeGama likaYise Wakhe. Weza eGameni likaYise Wakhe. Phaya kulapho uThixo walibeka khona iGama Lakhe, kuNyana Wakhe. Yiloo ndawo kuphela leyo unokuMnqula kuyo.

Indawo ekuphela uThixo ayakukha ahlangane nawe kuyo, ikuloo Nyana lowo owayefuziselwe ngemvana yedini. Kwaye konke ukwehla kuyo yonke iTestamente eNdala, yonke ibizisa imifuziselo yaloo nto inye, yokokuba la ndawo yodwa, uThixo, yedwa, wahlangana phantsi kwegazi ledini; indawo ekuphela Ahlangana kuyo. Indawo ekuphela kwayo Ahlangana kuyo namhlanje: ayikho egameni lemvumo nkolo, okanye egameni lehlelo, igama lecawe, okanye igama leqela, okanye igama loluntu, kodwa eGameni lika "Yesu Kristu!"

74 Ndakuvavanya oko xana ndandisengumfana. Ndandisoloko ndisiva ngabasebenzisana nemimoya, yomtyholi, indlela azenza ngayo izinto. Kwaye ndandisazi ukuba kwakukho uThixo, kumelwe kukubakho umtyholi, ngokuba iBhayibhile yathi kwakukho umtyholi. Kwaye yena, ndacinga . . . ndeva malunga naba basebenzisana nemimoya. Ndaya kwabanye babo, ndafumanisa ukuba babengabazenzisi, kungekho nto kuloo nto, nje igquba elikhulu lenkolo yokuzenzisa. Kodwa ndafumanisa ukuba kwakukho abanye babo abasebenzisana nemimoya ngokwenene.

75 Ndandisenkampini ngaxesha lithile, apho umlungiseleli kunye nam saya kubabona phaya. Babeyiphakamisele phezulu itafile ukusuka emgangathweni, kwaye yayineeglasi zewhiskey zihleli phezu kwayo; kwaye bethabathe loo tafile, beyijikajika ukuya emva naphambili. Kwaye isiginkci sibhabha kwisakhiwo sonke; iimpahla zabantu. Bephakamise oku, egumbini. Wathi, loo mvumisi wathi, "Ndicela umngeni kuye nabani na ukuba ayiwise phantsi."

76 Amadoda amabini athi, "Ndiya kuyiwisa phantsi." Ayibamba emilenzeni macala onke ngolo *hlobo*, aza azama ukuyibamba. Ayizange. Ngokuba, loo tafile yabagibisela ngaphaya ukunqumleza umgangatho.

77 Musa ukuhlala nje. Ukuba awuzange ube yimishinari kwaye ube semasimini, inye kuphela into oyaziyo nje yingcinga yomtyholi. Ukuba ukhangela apha phandle kwabanye baba bantu bahamba bejikeleza ezitratweni, usenokumbona. Kodwa kukho umtyholi! Ngokuqinisekileyo ukho.

78 Kwaye abantu banqula umtyholi, bengayazi nkqu naloo nto abayenzayo. Banqula umtyholi emabandleni, "Befundisa iMfundiso eziyimiyalelo yabantu, iimvumo nkolo—iimvumo nkolo nezithethe." Kwaye ndathi . . .

79 Lo mfazi wakhwaza kum, waza wathi, "Bandixelela ukuba ungumshumayeli."

Ndathi, "Ndinguye."

80 Wathi, "Ngoko ukuba awuyi . . ." Wathi, "Ucinga ntoni malunga noku?"

Ndathi, "Ingumtyholi."

81 Kwaye wathi, "Ke, ngoko, ukuba unamandla angako, yiwise phantsi."

82 Ndathi, "Andinawo nawaphi na amandla, konke konke. Andinamandla, kodwa ndilapha ndimele amaNye."

83 Ndathi, "Nkosi Yesu, Wathi, kuMarko oNgcwele isahluko se-16, 'EGameni laM baya kukhupha iidemoni.'" Ndathi, "Ngoku, ukuze umkhonzi Wakho abe nokwazi, njengokuba idabi libekwe phambi kwam!"

84 Ndathi, "Ndiyalela laa tafile ukuba iwe phantsi, egameni le 'Cawe engcwele,'" kwaye yahlala kanye phaya. Ndathi, "Ndiyalela laa tafile ukuba iwe phantsi phaya, egameni lo 'Yise, uNyana, noMoya oyiNgcwele,'" yahlala kanye phaya. Ndathi, "Ndiyalela laa tafile ukuba iwe phantsi, eGameni lika 'Yesu Kristu,'" kwaye yaphantse yaphula imilenze yomine, ibetha emgangathweni!

85 "EGameni laM bayakukhupha iidemoni!" Elo liGama likaBawo. Walibeka iGama Lakhe kuYesu Kristu. Kwaye kuYe Uyahlangana, ukunqula. KuYe Uyahlangana, ukukhupha iidemoni. KuYe Uyahlangana, ukuze aphilise abagulayo. KuYe Uyahlangana, ukusindisa. KuYe Uyahlangana, ukusindisa, ukuzalisa ngoMoya oyiNgcwele. Leyo kukuphela kwendawo kaThixo yokuhlangana nabantu ukuba banqule. Ngoku sifumanisa ukuba uYesu wakutho oko kananjalo ukuba... Igama, iGama *uYesu*, lithetha "UYehova uMsindisi," UYehova uMsindisi.

86 Khumbula, "Awunakunqula iNkosi..." 5, umqolo 5, "Awunakuyinqula iNkosi nakuwo nawaphi na amasango, lawo ekunika wona iNkosi uThixo. Nawaphi na amasango, awunakuYinqula khona," uThixo wathi, kumqolo wesi-5 apha, kaDuteronomi 16. "Uze ungaYinquli kuwo nawaphi na amasango, lawo ekunika wona iNkosi uThixo. Ukunika ezi zinto ukuba akulinge." Siyakungena kuloo nto, kule veki, iNkosi ithandile, sibone ukuba uThixo uyalirhoxisa na iLizwi Lakhe, okanye hayi. Qaphela, Ukunike loo masango, kodwa musa ukuyinqula iNkosi nakweliphi na laloo masango, ngokuba iNkosi uThixo wakho ayiyi kuhlangana nawe phaya.

87 Kodwa iNkosi uThixo inyule isango. Iye yonyula umnyango. UYesu wathi, kuYohane oNgcwele isahluko se-10, "Ndim isango lobuhlanti bezimvu. NdiM loo mnyango." UnguYehova uMsindisi.

88 Ngoku singaqhubeka apha iiyure, sicacisa oko. Kodwa ndiqinisekile ukuba niyayiqonda, ngesenzo senu, ukuba ni—nisabela kwiNyaniso nakwiLizwi. Ke asisayi kuhambela phambili, ungayithabatha naphi na apho unqwenela ukuyithabatha khona. Naphi na apho ufika khona, ukuba oko yiNyaniso, iyakuwela kanye emva emgceni kunye nalo lonke iLizwi. Awunako ukuyenza iBhayibhile ukuba ithethe

into enye kwindawo enye, kunye nento ethile eyenye kwenye, oko kuchasene nalonto Ayithethileyo kuqala. Kumele ibe yinto enye ngalo lonke ixesha.

89 Ndishiya okuninzi kweSibhalo apha ngale nto, nje ngokuba ndiyabona ukuba kuba kamva. Kwaye udade wethu kunye nabo banenkonzo apha ngokuhlwanje, kwaye sifuna ukuthandazela abagulayo. Oko kukuthi, kwaye fumanisa ukuba, uBilly, ukuba banawo na athile amakhadi omthandazo.

90 [Umntu othile uthi, “Akukho nkonzo ngokuhlwanje.”—Mhl.] Akukho nkonzo. Kulungile. Kulungile, kulungile. Kulungile. Ngoku makhe siyifumane. Kulungile. Kulungile. [Ibandla liqhwaba izandla.] Siyathemba ukuba iNkosi iyakulisikelela eli nenekazi ngenxa yoku, ukusivumela sibe nale ndawo, lisinika eli xesha.

91 Kukho izinto ezininzi ezingenakusilela ezingqina ukuba uYesu uyindawo. Ulisango, UliGama, kwaye ekuphela kwendlela ebonelelweyo leyo uThixo anayo yokuba ahlangane nomntu elunqulweni. UyiNdlela, iNyaniso, uBomi; iSango, umNyango; u-Alfa, u-Omega, iSiqalo neSiphelo; uMfiyo waseSharon, iNyibiba yaseNtlanjeni, iKhwezi loKusa; u-Alfa, u-Omega. Ukuko konke, yonke into iphela idityanisiwe. Ukuko kokubini iNgcambu neNzala kaDavide, iKhwezi eliQaqambileyo loKusa. KuYe kuhleli inzaliseko yobuThixo, ngokomzimba, apho thina ngaphakathi singoonyana neentombi kuThixo, kwintlokobuThixo kaThixo. Ewe. Njengoonyana neentombi, sikusapho, ukuba uphaya.

92 Ngoku singena njani kule ndawo inkulu ukuze sinqule? Lowo ngumbuzo olandelayo. Singena njani kule ndawo, ukuba uYesu uyindawo? UliGama likaThixo. Uyindawo kaThixo yokunqula. Kwaye Ukukuphela kwesango kubuhlanti bezimvu. Kwaye sifuna ukufumanisa ukuba singena njani na kuYe ngoko.

93 Ngoku, ukuba ungenile emnyangweni, kakade, ungena ngaphakathi njengosapho, njengokuba sasithetha ngenye imini malunga, i. . . okanye ngesidlo sakusasa, malunga nemvu encinci, okokuba uThixo akayi kuluvala ucango ade Afumane laa mvu incinci yokugqibela kwaye ayingenise ngaphakathi. Ukuba ungenile ngaphakathi, emva koko uba lusapho. Ulusapho lukaThixo xana ungene ngaphakathi kuThixo. Kodwa awunakuba lusapho lukaThixo ube ungumRhabe, umWisile, umBhaptizi, nomPentekoste. Awunako ukuyenza. Kufuneka ukuba ungene kuYesu Kristu.

94 “Ke,” uthi, “sikwenzile oko.” Siya kubona ukuba ukwenzile oko.

95 Makhe sifumane ukuba iBhayibhile ithini ngoku. Sifumana, kwabaseKorinte bokuQala, isahluko se-12, iBhayibhile yathi, “NgaMoya mnye sonke sabhaptizelwa Mzimbeni mnye.” Sabhaptizelwa eMzimbeni kaKristu, ngoMoya

oyiNgcwele omnye. Asishukunyiselwanga ngaphakathi, asixokonyezelelwanga ngaphakathi, asibhaptizelwanga ngamanzi ngaphakathi. Sabhaptizelwa ngoMoya oyiNgcwele, eMzimbeni kaYesu Kristu.

96 Kuhlala ixesha elingakanani xana ungenile Phaya? Ude uziphathe kakubi? Ama-Efese 4:30 athi, "Musani ukumenza buhlungu uMoya oyiNgcwele kaThixo, enathi ngaye natywinwa kude kube yimini yentlawulelo." Phikisana naYe, hayi mna. Yiloo nto Ayithethayo. Ndiyakufunda Oko. Kulungile. "Nitywiniwe kude kube yimini yokuhlangulwa kwenu," kude kube yimini leyo uYesu ayakuza ngenxa yenu.

97 Ngoko, cinga ngayo, awunguye ngoko owakho, usisidalwa esitsha, okanye isiGrike phaya sithetha "indalo entsha." Uye waphindwa wadalwa kwakhona. Amandla kaThixo aza phezu kwakho, waza waba ngodaliweyo, isidalwa esitsha; ntoleyo izisa ubuqu benyama buphela, ubuqu bokomoya nayo yonke into, phantsi kolawulo lweLizwi likaThixo. Hayi eyenye indlela!

98 Ungatsho njani ukuba ungumKristu, kwaye ungalithobeli iLizwi Lakhe nakwenye into? Nabani na ongawuthobeliyo umthetho kwenye—kwenye inxalenye yaWo, wayenetyala laWo wonke. Nabani na! UYesu wathi, "Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo." Hayi nje inxalenye yaMazwi; lonke iLizwi! Oko Wakuthethayo kwiSityhilelo isahluko sama-22, "Nabanina othe wasusa iLizwi lalinye kule Ncwadi, okanye ongeze ilizwi libe linye kuYo, esakhe—esakhe isabelo siya kususwa eNcwadini yoBomi." Asimele ukususa eBhayibhileni, okanye songezelele kuYo. Nje thetha loo nto Iyithethayo.

99 Kwaye kwabaseKorinte bokuQala 12, Yathi, "NgaMoya mnye sonke sabhaptizelwa Mzimbeni mnye."

100 Ngoku emva kokuba ukulo Mzimba, amaRoma 8:1 athi, "Ngoko ke ngoku akusekho kugwetywa kubo abo abakuKristu Yesu, abo abangahambiyo ngokwenyama, kodwa ngokoMoya." Nantso indawo apho kungekhoyo ukugwetywa. Nokuba uya eWisile, eBhaptizi, icawe yaseRhabe, nokuba kuphi na; ukuba ukuKristu, usisidalwa esitsha, kwaye akukho kugwetywa kuwe, akukho ndawo konke konke. Leyo yindawo kaThixo yokuhlangana. Phaya kulapho uThixo ahlangana khona nomnquli. Phaya kulapho ubalelwa khona ekubeni usisidalwa esitsha, kuba bafile ezintweni zehlabathi. Bayaphila kuYe. UBukho obuphilileyo bukaThixo bunabo, usuku nosuku.

101 Uphila kubo, ngaso sonke isigaba. Sonke isigaba esezayo, ukwehla njalo kuyo yonke iBhayibhile, xana umntu ehlangabezana nemfuno kaThixo, kufika kwindawo apho Abonelelayo ngeLizwi Lakhe elibhaliweyo laloo mhla, uThixo umenza loo mntu abe sisidalwa esitsha, kwaye akanakugwetywa. Khangela kuYobhi.

102 Ingaba ndiningciba iindlebe, ngendlela endingayo kule miboko? Ndiyaxolisa malunga nayo. Ndiyazi kukubuyela kwezwi kwakhona apha. Ndiliva apha, ngokwam.

103 Kodwa, khangela. UYobhi, nokuba bangaphi na abantu ababezama ukumgweba, bangaphi na ababesithi wayengalunganga, wayegcine umyalelo kaThixo, ngaloo mbingelelo utshiswayo. Wayesazi ukuba wayegwetyelwe, ngokuba wayeyigcina imiyalelo kaThixo. Yiloo ndlela awathi wagwetyelwa ngayo, ngokuba wayesenza izinto uThixo awayefuna ukuba azenze.

104 UBukho obuphilayo bukaThixo bukhanyisa usuku, yonke imihla, ukusuka ekufeni kweemvumo nkolo, nokuya eBomini nakwiLizwi lo mhla. Ngoku, uThixo unezinto ezo Azenzayo.

105 Njenge—ngentyatyambo encinci, njengokuba ndathi ngenye intsasa kwisidlo sakusasa. Xana imbewu isiza ekukhanyeni, iqalisa ukukhula. Isela ukusuka kumthombo kaThixo, iqhubeka nje ityhalela phezulu ide ifike kwinxalenye yokudubula, ifike phezulu kwintyatyambo, phezulu ekudubuleni.

106 Ngoku sifumanisa, ukuba xana siqalisayo noKristu, sikhula ngendlela ekwanye, ngokuba sikhula elubabalweni nasemyalelweni kaThixo.

107 Ekuphela kwecebo eliboneleIweyo nguThixo, kuso nasiphi na isigaba, liLizwi Lakhe. UNyana Wakhe weza wabonakalalisa lonke idinga elo elalithenjisiwe ngesigaba Sakhe. Bonke abaprofeti beza kanye nje ngexesha, babeliLizwi likaThixo elaliphila emhlabeni. BabeliLizwi. UYesu wathi babe “ngoothixo.” UYesu wababiza abo baprofeti, “ngoothixo.”

108 Indoda yahlangana nam kumhlangano wokugqibela endandinawo, yathi, “Ungumfundi wezenkolo ohluphekileyo.”

109 Ndaze ndathi, “Andibangi ukuba ngomnye.” Ndathi, “ILizwi alizi kumfundi wezenkolo; ezenkolo ziyakwenza.” ILizwi liza . . . Yabona? Ndathi, “Nje ezenkolo ziza kumfundi wezenkolo. Kodwa,” ndathi, “sithetha malunga nento ethile eyenye.”

110 Ngoku sifumana ukuba, kwisigaba ngasinye, xana uThixo wathi into ethile iyakwenzeka, naku kusiza loo ndoda yaza yabonakalalisa oko, naku kusiza abo bantu baze baphile loo nto. Lowo yayinguThixo ngoKwakhe ephila ebantwini, ngokuba oko yayikukuphendulwa kweLizwi Lakhe.

111 Ngoku, ekuphela kwendlela ebonelelweyo nguThixo kunye necebo ekuphela kweliboneleIweyo, namhlanje, nguNyana Wakhe, ngeLizwi Lakhe ukwenzela esi sigaba, lidliswe ubomi ngoMoya woBomi Bakhe, lidliswe ubomi.

112 Ngoku sinezikolo ezikhulu zezakwalizwi. Kwaye amaxesha amaninzi xana sisenza oko . . . Akukho nto ichasene noko,

ngokuqinisekileyo hayi. Kodwa, uyabona, xana unesikolo sezakwalizwi. . .

113 UYesu wathi, kuYohane oNgcwele 4, "Ilixa liyeza, kwaye nangoku selikho, xana uThixo, ekubeni enguMoya, eya kunqulwa ngoMoya nangeNyaniso." Ngoku abanye abantu banoMoya, hayi iNyaniso. Abanye baneNyaniso, hayi uMoya.

114 Ke kufana nje nokuba besinenqwelo mafutha enkulu, besisiya ndaweni ithile ngeCadillac. Kwaye zombini iiCadillac bezenziwe nje ngokufanayo, saze sazityhalela ngaphandle apha saza sa. . .phezulu ukuya kwiitanki, kwaye sazizalisa zombini ngamafutha. Kwaye uyayidumisa uze udumise nenye. Ke, ukhangela phandle, uthi, "Isihlalo silungile. Ivili lokuqhuba lihle, linezikhonkwane zedayimane kulo. Kwaye ihonjisiwe, ihleli kakuhle. Owu, uhlala emva nje kwaye ulale." Kwaye, owu, izinto ezininzi unokuzenza, nganye, kodwa, uyabona, enye yazo. . .Zonke zinobuxhakaxhaka obufanelekileyo, kodwa enye yazo inezivuthisi. Uyabona, usenokubazi ubuxhakaxhaka, kodwa kuthabatha izivuthisi ukudumisa ubuxhakaxhaka, ukubenza busebenze.

115 Kwaye yiloo nto iyinkathazo ngebandla namhlanje. Sizele yimfundiso yezenkolo, ngaphandle kwazo naziphi na izivuthisi kuyo. Kunjalo oko. Yabona?

116 Ngamanye amagama, kufuneka ube nentlantsi kumafutha, okanye amafutha akakho nangaphezulu. . .Akalunganga nkqu nje nangaphezu kokuba amanzi enjalo, okoko nje engenayo intlantsi yokuyitshisa. Ke, yiloo ndlela.

117 Akunamsebenzi nokuba sifundiswe kakuhle kangakanani na, siyakukholwa kakuhle kangakanani na, nokuba kungakanani na okuse Bhayibhileni oko esithi yinyani, kwaye siyayikholwa ukuba yonke iyinyani, imelwe kukuba zi—zizivuthisi kufuneka ukuba zibe phaya, intlantsi, ukulenza elo Lizwi livuthe, ukulenza liqalise ukujikeleza. Lifanele ukuba libe noko. Ukuba awenzi, ibandla lihlala limi ndawonye, inqwelo mafutha ihlala imi ndawonye, nawe uya kuhlala ndawonye. Kodwa akukhathaliseki nokuba utsho kangakanani na, "Ndiyavelana. Ndiyalikholwa lonke iLizwi lako Oko." Kuya kufuneka ukuba ube nento ethile ukuvuthisa okuya, ukwenza elaa khulu lemilinganiso lamafutha ukuba lidume, kwaye iBandla elikhulu likaThixo lihambe ukuya phambili. Kufuneka lithabathe izivuthisi kunye nobuxhakaxhaka. Akukho nto iphosakeleyo ngobuxhakaxhaka, kodwa kusilela izivuthisi.

118 Kwaye ndicinga ukuba yiloo nto eyinkathazo ngebandla namhlanje, sisilela kwezo zivuthisi zamandla, ukucinezela eli Lizwi kwaye aLenze liphile kulo mhla.

119 UMartin Luther wayenobuxhakaxhaka nezivuthisi, zomhla wakhe. UJohn Wesley wayenazo, zomhla wakhe. AmaPentekoste ayenazo, ngomhla wawo.

120 Kuthekani ngomhla wethu? Eli lelinye ixesha! IBandla lifanele ukuba likhule ngokupheleleyo ngoku, lilungele ukuya kuhlangana noKristu, linokubonakalisa kwayo yonke intsikelelo leyo Awayithembisayo eBhayibhileni, zisebenza kuloo Mzimba mkhulu apho Wathembisayo ukuba Uyakuhlangana nabantu kwaye anqulwe, kweli Bandla likhulu Lakhe.

121 Kodwa, uyabona, sithumela abantwana bethu esikolweni, sifunda ukufunda, ukubhala, izibalo, yonke imbali yabaprofeti nayo yonke into. Oko konke kulungile, kodwa ngaphandle kokuba ube nento ethile emva kwaloo nto!

122 "Owu," uthi, "ke, ndi—ndiye ndakhwaza. Ndathetha ngeelwimi." Oko kulungile. Ndiyakukholwa oko, nam. Kodwa oko asikuko endithetha malunga nako okwangoku. Yabona, uyaku—uyaku. . . iya kugqabhuka. Uthi, "Plank-plank, boomp-boomp," njengeqwelo mafutha endala izama ukuduma. Uthi, "Ehe, ndiyakukholwa *oku*. Ndiyakholwa *okuya*, nam. Kodwa, kodwa xana kusiza ko*ku*, loo mihla, owu, hayi. Hayi!"

123 Ulikhulu lemilinganiso yamafutha, mzalwana, ngohlobo olulungileyo lwejenereyitha emva kwakhe, ayakulivuthisa lonke iLizwi likaThixo kwidinga laLo. Kunjalo oko.

124 Oko koko kuyinkathazo ngathi namhlanje, siphantse size ekumeni. Sifuna ukukholwa *oku,* sikholwe *okuya*.

125 Ndithetha into ethile, malunga Noku. "Ke, andazi." Ke, iBhayibhile yatsho njalo! Oko kuyayigqiba lonto. Ukuba uThixo watsho njalo, iphaya ukuba yenziwe. Ukuba thina. . . Ukuba oko yiloo nto uThixo awathi siyenze, simelwe kukwenza loo nto. Nje hlala phaya ade uThixo akuvuthise oko, kwaye ngokuthe ngqo uqalise ukubaleka ngoko kwakhona, uyabona. Ukuba awukwenzi, ufumana izigqithisi mlilo zimnyama zonke. Kwaye ke siswele into ethile eyahlukileyo, sidinga into ethile ukusivuthisa.

126 Ngoko qaphela, Akezi kuphela ngaphakathi ngoMoya oyiNgcwele, ngemfundo yeLizwi Lakhe, Uyalibonakalalisa elaa Lizwi. Ngoku khumbula, abaprofeti bayalikholwa iLizwi. Bamkela iLizwi likaThixo. Kwaye uThixo uMoya oyiNgcwele wangena kubo waza waliphilisa elaa dinga, kwaye walenza ukuba lenzeke. Owu, bethu! Ngubani na oya kuyigweba oko?

127 UYesu wathi, "Ngubani na onokuNdigweba ngenxa yesono? *ISono* ku 'kungakholwa.' Nantoni na uThixo ayibhalileyo kwaye nantoni na abaprofeti abayithethayo, NdiyiMpendulo. Oko abathi Ndiya kukukwenza, Ndiyakwenza." Weza njengomprofeti, uNyana womntu. Yiloo nto kanye Awayeyiyo, kunye noko Awangqinayo ukuba Wayekuko. Wayekuko. Ngokuba? Izivuthisi zaziphaya ukuvuthisa ubuxhakaxhaka. Wayebubuxhakaxhaka, uNyana ngoKwakhe, kwaye uYise wayezizivuthisi. "AkundiM lowo uyenzayo imisebenzi le, nguBawo waM lowo uhleliyo kuM. Uyazidubulisa izi—izi—

izivuthisi kwaye wenza lonto ukuba iqhubele phambili. Uyizisa ekubeni yenzeke.”

128 “Kunini apho ndakha ndathetha nantoni na. . . ” NjengoSamuweli owathi ngaxesha lithile ebantwini, “Ndakha ndanixelela nantoni na, eGameni leNkosi, kodwa loo nto eyathi yenzeka?” Yabona? “Kunini apho ndakha ndayithetha khona, kwaye kunini apho ingazange yenzeke khona?”

129 “Owu, wena, oko owasixelela kona kwenzeka, kodwa sifuna ukumkani nakanjani na.”

130 Leyo yindlela ekuyiyo namhlanje. Abantu bafuna ukubambelela kwiimbono zabo ezincinci. Bafuna ukubambelela kwiimvumo nkolo zabo. Bafuna ukubambelela koku. Ngoko sithetha ngemvuselelo kumhla wethu, singaba nayo njani imvuselelo xana yonke yonakele ngale ndlela iyiyo? Amafutha enqwelo edityaniswe namanzi nayo yonke enye into kuwo, zonke iintlobo zezicoci kunye nazo zonke ezi zinto zangoku zixutyiweyo kuwo.

131 Ndandisihla ngendlela ngenye imini, kwaye sathi, uhlobo oluthile lwesicoci sangoku, sathi, “Akukho mfuneko yokuba uhlambe izitya, ekuphela kwento omawuyenze kukuzithinkxu phaya uze uzikhupele ngaphandle.”

132 Ndacinga, “Ndiya kuba ligorha endlwini yam.” Ndaya kuzifumanela ibhokisi yayo lento.

133 Kwaye ndathi kunkosikazi, “Ngena ngaphakathi, sthandwa, makhe ndihlambe izitya.”

134 Ndacinga, “Nkwenkwe, aba bafo bayayazi into abathetha malunga nayo, ezo nzululwazi. Ndiya kumbonisa ukuba njani na. Ndiya, uya. . .ade ayibambe le nto, loo nto endiyenzayo. Nje uyithi nkxu kwaye uyihlalise ngaphandle, yiloo nto kuphela ekufuneka uyenzile.”

135 Abantwana babetye amaqanda kwisidlo sakusasa. Kwaye ndagalela esi sicoci phaya, ndaza ndasithi nkxu ngaphakathi, ndasikhuphela ngaphandle, ndaza ndasithi nkxu ngaphakathi kwaye ndasikhuphela ngaphandle. Sasise naloo maqanda. Ewe, mhlekazi. Andikholelwa nantoni na endiyiva kumabonwakude, kwakhona. Hayi, mhlekazi. Hayi, hayi. Hayi, ngokwenene.

136 Eso sisizathu sokuba ndingakholelwa ukuba nayiphi na inkqubo eyenziwe ngumntu inokuma. UThixo unendlela enye aboneleleyo ngayo. AkuyoWisile, iBhaptizi, iRhabe; kodwa nguYesu Kristu, ngoZalo olutsha, ukukholwa laa Bhayibhile. Leyo yindlela ebonelelweyo nguThixo, kwaye ekuphela kwendlela leyo Anayo, ikuYesu Kristu, uNyana Wakhe. Kwaye, kuNyana Wakhe, Wabeka iGama Lakhe. ELakhe, iGama likaThixo nguYesu, kuba Weza eGameni likaYise. Kwaye ke elo liyakuba liGama likaThixo, ngokuba WayenguThixo.

137 Ngoku qaphela, xana la mandla makhulu ashukumayo kaThixo angenayo kunyana kaThixo, amdlisa ubomi, uMoya woBomi wangena kuye. Ngoko ke wenza ntoni? Ubahlalisa kwezaseZulwini iindawo, kanye ngoku. Hayi ukuba baya "kuba." Sinjalo ngoku. Ngoku sele sivukile, izivuthisi kunye nobuxhakaxhaka zisemsebenzini, zisidlisa ubomi, kwaye sidliselwe ubomi kuBukho bukaThixo, apho uMoya Wakhe ukhoyo. Kwaye ngoku sihleli kunye kwezaseZulwini iindawo, kuKristu Yesu; kuKristu Yesu, sihleli phaya, esa sihlalo sikhulu sika. . .eso esele sivuthisiwe, sivusiwe kwabafileyo. Siyinxalenye yaso. Ukuba niyinxalenye yoMtshakazi, uyiyo, ngokuba uMtshakazi uyinxalenye yoMyeni, uyazi. Ke sifumanisa ukuba ikwayinto enye, kwaye Uyakwenza kanye lonto ixelwe kwangaphambili ukuba Yena uyakuyenza kulo mhla. Akayi kuba ngumLawodike, akunandlela yakuba dikidiki. Kodwa Uyakuba semlilweni ngenxa kaThixo, Uyakuba eqhubela phambili ekuMoya kaThixo.

138 Ngoku sikhangele apha ngoku ukuba sifumanise. Ngoku makhe thina, ngoku ngeli xesha linye yenzayo, ukuba oku kuyasibetha; kwaye, xana, saye safa esonweni nasekugqitheni, izigqitho, gxebe, Yena. . .sidliswe ubomi kunye kwiLizwi Lakhe lesi sigaba.

139 Ngoku makhe sicingeni malunga nasemva phaya kumaxesha akudala, ngomntu othile lowo owathi wadliswa ubomi ngeli Lizwi; kanye nje phambi kokuba sibe nenkonzo yokuthandazela abagulayo. Makhe sithabathe abalinganiswa abambalwa, sikhangele iimpawu zabo.

140 Makhe sithabatheni indoda apha leyo eyaligcinayo lonke iLizwi likaThixo, emva kwiTestamente eNdala, egama lingu-Enoki. Wayedliswe ubomi ngolona hlobo liLizwi likaThixo, kangangokuba waba nobungqina, bokuba, "Wamkholisa uThixo." Kwakungekho nanye into uThixo leyo awayalela ukuba u-Enoki ngayo ukuba ayenze ngaphandle kwaloo nto awathi wayenza.

141 Ndiyazibuza ukuba bangaphi oo-Enoki abanokuba lapha ngale mvakwemini, ukuba, ukuba niyazi ukuba oko kuseLizwini likaThixo? Bangaphi kuni bafazi abanqothule iinwele abanokuzibiza ngokuba bangoo-Enoki, yabona, yabona, kwaye nisazi ukuba uThixo uyayigweba loo nto? Bangaphi kuni madoda, abo bavumela abo bafazi benze loo nto, abanokubiza ngokuba bangu-Enoki? Owu, bethu! Leyo nje yinto enye, kuthekani malunga namawaka? Kwaye siyagudisa, sithi, "Ndingowa*le,* kwaye ndingowa *leya.*" Usenokuba ngowaloo nto, kodwa. . .ude ube uze kwindawo uThixo aboneleleyo ngayo! Kwaye awunako ukungena phaya ngaphandle kokuba ube yinxalenye yelaa Lizwi. Kwaye, ekubeni uyinxalenye yaLo, uba lilo Lonke, uzithobele konke. Qaphela, sinoku apha oko

iBhayibhile ikubiza “iLizwi likaThixo,” kwaye, ntoleyo, iliLizwi likaThixo.

142 Ngoku sifumanisa ukuba u-Enoki weza kwindlela kaThixo aboneleleyo ngayo, kunye neLizwi Lakhe, kwaye wahamba iminyaka emakhulu mahlanu, waza waMkholisa. Kwaye sifumanisa ukuba ubuxhakaxhaka babugqibelele ngolona hlobo kuye, ukuba xana izivuthisi ziqalisa ukusebenza enjinini, Zasuka zamsusa nje emhlabeni. Wathabatha uhambo lokuqala lwenqwelomoya, njenge, ukuya eZulwini. Isebenza kubuxhakaxhaka bukaThixo kunye nezivuthisi, kunye, “akabi safunyanwa,” ngokuba uThixo wamkhupha emhlabeni, ngaphandle kokufa. Oko kunjalo kanye. Wayehamba endleleni ebonelelweyo nguThixo.

143 Kwaloo nto inye siyifumanisa ku-Eliya. U-Eliya omdala wayebakhalimele kakhulu abaninzi babo baJezebhele banobuso obuqatyiweyo, nokuchetywa kweenwele, na njalo njalo, ezo ababe zisebenzisa zaloo mhla, ixhego lalichithe ubomi balo nje ligweba isono phakathi kwabo bafazi, ngokuba babenomfazi, uJezebhele, phaya ukuba amise isantya.

144 Kanye njengokuba iHollywood yenu apha isenza, kwaye ifumene bonke oodade bonke bengene kulonto phandle phaya. Kwaye, uJezebhele usaphila, usenokukhangela nje macala onke kwaye ungabona ukuba usaphila. Kwaye usesemandleni amakhulu, kananjalo.

145 Ngoku sifumanisa, umfo omdala ekubeni engumprofeti, wayeyiqalekisile loo nto nayo yonke into, wahlala ngokugqibeleleyo ekuthandeni kukaThixo. Xana bonke abanye abashumayeli bayebebuthakathaka, wahlala kanye phaya naLo.

146 Kwaye ngenye imini wadinwa kakhulu, kangangokuba, uThixo wehlisa inqwelo yokulwa ivela eZulwini, kunye namahashe omlilo, yaza yamthabathela phezulu. Wayezele kakhulu ngaloo mandla adlisa ubomi! Nje khawucinge, ngeLizwi likaThixo lisentliziyweni yakhe, wazaliswa kakhulu ngamandla adlisa ubomi lawo amdlisa ubomi!

147 “Ukuba uMoya kaThixo, Yena . . . ” Ndiyakholwa ukuba sikufumana kumaRoma, 11, okanye, 1:11, “Ukuba,” athi, “Ukuba uMoya . . . ” Okanye, kwabaseRoma 8:11, yiyo, “Ukuba uMoya lowo owamvusayo uYesu kwabafileyo ungaphakathi kuni, Wona kananjalo uyakudlisa ubomi imizimba yenu enokufa. Ukuba uMoya lowo owamvusayo uYesu kwabafileyo, ukuba— ukuba Ukuni, Uyakudlisa ubomi imizimba yenu enokufa.”

148 Uyakuyidlisa ubomi! Lithetha ntoni igama elithi *dlisa*? Ligama lesiGrike elithetha ukuthi, “ukubuyiselwa ebomini emva kokufa.” Haleluya. Nalo isango lokunqula. Ukunqula ngoMoya nangeNyaniso, ubuxhakaxhaka kunye nezivuthisi, kunye. Niyabona ukuba ndithetha ntoni na?

149 "Ukuba uMoya lowo owamvusayo uYesu kwabafileyo uhleli ngaphakathi kwenu, Uyakudlisa ubomi, uphilise, imizimba yenu enokufa, ngokuba Wona sele ubuBomi." Kwaye xana Ungena emzimbeni wakho, Uzisa umzimba wakho uphela phantsi kolawulo lwaWo. Kolawulo lwantoni? ILizwi likaThixo. "Ukuba likuwe."

150 Ngoku ukuba yinto ethile ekuwe, ikuxelela, "Ke, leyo yayiyimihla egqithileyo. Kwaye uMarko 16 akayonyani, kunye naloo mbono yobuPentekoste yobhaptizo loMoya oyiNgcwele." Lowo ayingoMoya kaThixo ngaphakathi kuwe. Andikhathali nokuba uqeqeshwe kakuhle kangakanani na, wena, lowo ayinguwo uMoya kaThixo. Uthi, "Ke, umama wam wayengowa*le*, notata wam, ngayo iminyaka, kunye nomntakwethu." Nantoni na ofuna ukuyithetha malunga nezizalwane zakho, na njalo njalo, lonto kusenokuba yayilungile kubo; kodwa ayilunganga kuwe, yabona, umelwe kukuba kulo mhla ungene kuKristu Yesu, ukwenzela sigaba kunye nedinga elenzelwe esi sigaba.

151 Qaphela, sifumanisa ukuba la amakhulu amandla adlisa ubomi ambetha u-Enoki, amdlisa ubomi waza waya eKhaya ngaphandle kokufa.

152 Abetha u-Eliya, amdlisa ubomi wade waya eKhaya ngaphandle kokufa.

153 Sifumanisa ukuba owaba sesikhundleni sakhe yayingu-Elisha, lowo owayengumfuziselo phaya kaKristu neBandla, u-Elisha. U-Eliya wenza imimangaliso emine, kwaye u-Elisha wenza imimangaliso esibhozo. Wayenesabelo esiphindwe kabini, njengokuba sathululwayo phezu kwalo iBandla. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Kamva baba nendoda efileyo, bayilahlela phezu kwamathambo akhe, yaza yabuyela ebomini kwakhona. Loo mandla adlisa ubomi ayesengcwabeni kunye naye. Awunako . . .

154 Asoloko ephaya, xana ufumana loo mandla adlisa ubomi kaThixo, ekubeni udliswe ubomi kunye naYe ngoku.

155 Ngoku khumbula, kuKristu, siyinyama yenyama Yakhe, ithambo lamathambo Akhe. Xana uThixo wamlimazayo uKristu eKhalvari, Walinyazwa ngenxa yam nawe. Siyinyama yenyama Yakhe, nethambo lethambo Lakhe, umzimba womzimba Wakhe, iGama leGama Lakhe, uMtshakazi Wakhe. Yabona, sikuYe, siyinyama Yakhe namathambo Akhe.

156 Kwaye uThixo sele esivusile, ngokunokwenzeka. Amandla adlisa ubomi lawo awasivusayo kubomi besono, aze abuguqula ubuntu bethu, ngokunokwenzeka asivusela kuKristu Yesu, ntoleyo, uvuko oluya kusivelisa ekuvuthweni okupheleleyo.

157 Ngoku khumbula, safa egameni elilelethu, sangcwatywa, saza savuswa kweLakhe. Yabona, asisengabo abethu. Ntoleyo, elaa Gama likhulu lika "Yesu Kristu" elo iBhayibhile eyathi

ngapha kwabase-Efese 1:21, ukuba, "Yomibini imizalwana, eZulwini nasemhlabeni, zithiywe ngelaa Gama." Oko kulapho uThixo alibeke khona iGama Lakhe. Elo liGama losapho oluseZulwini. Elo liGama losapho olusemhlabeni.

158 Kwaye sikuYesu Kristu, ngobhaptizo lokomoya, hayi ngamanzi; ngoMoya, sibhaptizelwe Mzimbeni mnye, lowo onguKristu, endaweni yokunqula. Ngoko, ekubeni siphakathi phaya, besikulo mhlaba, kufana nencwadi egunyazisa ubunini.

159 Uthi, "Ndithenge isiqwenga somhlaba." Ayingowakho okwangoku de ube ufumane incwadi egunyazisa ubunini. Kodwa ukuba ufumene incwadi egunyazisa ubunini, oko kubonisa ukuba yonke into eyakha yachasana neso siqwenga somhlaba iye yachithwa.

160 Kwaye ngoko xana uthe waba ngumKristu kwaye wamkela uKristu njengoMsindisi wakho, ngoko, xana uThixo ethumela ezantsi incwadi egunyazisa ubunini, oko kubonisa ukuba akunamsebenzi nokuba utata wakho wenze ntoni na, nomama wakho ayenzileyo, nantoni na nabani na ayenzileyo; umama wakho, notata wakho kusenokuba babengamanxila, amahenyukazi; nokuba yayiyintoni na, sonke isono sichithiwe! Unencwadi yobunini. Akukho nto inokukususa kuwo. Kwaye, khangela, yonke into ekuloo mhlaba iyeyakho! Amen. Kwaye xana ukuKristu Yesu, ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, sonke isibabalo sikaThixo seseBandla. Amen. Yincwadi yobunini yesigunyaziso. Wena, ngowakho, ungowakho. Udlisa ubomi imizimba yenu enokufa. Owu, bethu, ukuba besinokucinga ngaloo nto!

161 Makhe siqwalasele abo ababethembekile ngePentekoste. Bonke babekwigumbi eliphezulu phaya, kwaye bonke babesoyika. Babene, babene—nencwadi yobunini, kulungile, kodwa babesoyika. "Kwaza ngequbuliso kwavakala isandi esivela eZulwini," incwadi yesigunyaziso ithunyelwe kubo, "njengomoya ovuthuza ngamandla, yayizalisa yonke indlu apho babehleli khona." Kwaye badliswa ubomi kakhulu ngako Oko, bade bonke ubugwala babo babe. . . Omnye wabo wayesoyika, nokuba nkqu wakhanyela ukuba wayengenguye umFarisi okwangoku, okanye wayengenguye umSadusi okwangoku. Kodwa xana laa Moya oyiNgcwele wehlayo waza wambhaptizela kuYesu Kristu, waba yinyama yenyama Yakhe, ithambo lethambo Lakhe, iLizwi leLizwi Lakhe. Wayesisidalwa esitsha. Waye ngumntu omtsha. Wona wadlisa ubomi umzimba wakhe.

162 Khangela loo nto Owayenzayo, nalonto Uyenzayo kuwe xana Ungena ngaphakathi. Awukwenzi ukuba uphumele phandle kwaye uthi, "NdingumWisile. NdingumBhaptizi. Owu, ndiyazi ukuba andifanelanga ukuba nditshaye. Andifanelanga kuba nako *oku*. Akufanelanga ndinxibe olu hlobo lweempahla. Akufanelanga ukuba ndikwenze *oku*. Andifanelanga ukuba

ndikwenze *okuya*." Ukudlisa ubomi ngolona hlobo ude umelwe kukuba uyenze. Udlisa ubomi imizimba yenu enokufa.

163 Khangela, Wadlisa ubomi imizimba yabo, bade babhabhela kufutshane kakhulu eZulwini de Wadlisa ubomi imizimba yabo ukuba bathethe ngolwimi abangazange baluve ngaphambili. Wadlisa ubomi imizimba yabo, bathetha ngolwimi olutsha lwaseZulwini. Badliswa ubomi kuBukho bukaThixo, ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Amandla kaThixo adlisa ubomi ababhaptizela kuloo nto. Babekwindawo yonqulo ngoko. Babelapho babenokunqula khona. IBhunga labafarisi okanye nantoni na eyenye eyayingekhe ibakhathaze, ngokuba babedliswe ubomi. Babengabantu abatsha. Oko kusemva kokuba bebhaptiziwe.

164 Khangela kuStefano omncinci. Weza endleleni kaThixo ebonelelweyo, wadliswa ubomi ngamandla kaThixo; wangena esangweni, indlela kaThixo ebonelelweyo. Kwaye nkqu xana babesiya kumbulala, bemxuluba ngamatye ukusa ekufeni, wathi, "Ndibona aMazulu evulekile, uYesu emi ngakwisandla sokunene sikaThixo." Loo mandla adlisa ubomi. Wadliselwa ubomi phezulu esifubeni Sakhe.

165 Kwakukho uFilipu, omnye ozele ngamandla adlisa ubomi. Simfumana ezantsi phaya kwaSamari, ebambe imvuselelo enkulu. La mandla amakhulu adlisa ubomi, emva kokuba waye kuKristu, weza apho wayenamawaka abantu ababephulaphule kuye. Kwaye Wathi, "Ngoku mka apha, Filipu, ndifuna ukuba uphume ungene kule ntlango, iGaza, apha. Ndinendoda phandle phaya, endifuna ukuba uhlangane nayo." Kwaye akukho mbuzo, akukho mbuzo konke konke, wayezele ngaloo mandla adlisa ubomi. WayekuKristu, wayekwindawo ebonelelweyo apho uThixo wayenokuthetha kuye. UThixo wathetha kuye. Kwakungekho mbuzo.

166 Uthi, "Ke, Wathetha kum waza wandixelela ukuba ndandiya kuphiliswa, kodwa, andazi ngoku, ndiziva kakubi kakhulu namhlanje." Owu, bethu! "Ke, Wandixelela ukuba ndinoMoya oyiNgcwele, kwaye ngamanye amaxesha ngokuqinisekileyo ndiyakuthandabuza oko."

167 UFilipu wayelazi ngokuchanekileyo iZwi likaThixo, kuba wayeze ngendlela kaThixo ebonelelweyo. Akazange ambuze uThixo, malunga, "Ke, Thixo, ndinabaninzi kakhulu apha, kufuneka ndime. Kufuneka ndibone isikhulu sabefundisi ngaphambi kokuba ndibe nokukwenza oko. Kufuneka ndiye kuthetha nobhishophu," kwakungekho nto malunga noko. Wayenyamekela uThixo, waphuma kanye waya entlango!

168 Wafumana indoda enye, ithenwa, umTiyopiya, indoda entsundu isihla, ifunda iSibhalo ku-Isaya. Kwaye wathi, "Ingaba uyayiqonda loo nto uyifundayo?"

Yathi, "Ndingaqonda njani ngaphandle kokuba umntu othile andifundise?"

169 UFilipu wakhwela enqweleni waza waqalisa ukuthetha kuye malunga neNkosi.

170 Yathi, "Nanga amanzi, yintoni endithintelayo ekubeni ndingabhaptizwa?"

171 Wathi, "Ukuba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, wonke umphefumlo wakho kunye nengqondo, namandla." Behla enqwelweni waza wayibhaptiza.

172 Kwaye uFilipu wayezele kakhulu ngaloo mandla adlisa ubomi, wade, Wamthabatha wamsusa emehlweni ayo. Cinga! Emzimbeni wakhe onokufa, umzimba wakhe wokwenyama waxwilwa, wasuswa phambi kwamehlo ethenwa. Ndiyakholwa ukuba leyo yinyaniso. UThixo wayenokumsa kwenye indawo engenye, apho Wayemdinga khona. Waxwilelwa phezulu.

173 Uyazi, ukufa akunakuze nkqu kuyithabathe loo nto kuwe, xana ukuKristu, endaweni kaThixo.

174 Khangela apha, uMoses wayenawo. Wayengumprofeti lowo iLizwi leNkosi eleza kuye. Akukho baninzi. . . bangaphi na ooKora abavukayo kwaye bathi, "Siswele umbutho omkhulu. Ngoku uzama ukuthabatha indawo yokuba nguwe kuphela indoda engcwele." UThixo wathi, "Zahlule, Ndiya kumginya nje." Kunye nooDatani, na njalo njalo, abazange bamkhathaze, waqhubela kanye phambili.

175 Kwaye xana uMoses wafayo waza wangcwatywa, ziNgelosi, loo mandla adlisa ubomi ahlala phezu kwakhe. Kuba, kumakhulu asibhozo eminyaka kamva, nanku engaphaya kwilizwe ledinga, ethetha kuYesu. Loo mandla adlisa ubomi ayesekuye. Leyo yindawo kaThixo yonqulo.

176 "Uthini? Ingaba wazi njani?" Wayengumprofeti. ILizwi leza kumprofeti. Kwaye wayeliLizwi likaThixo elibonakalalisiweyo lesigaba sakhe. Amen.

177 Yabona, awunakufa, sele udliswe ubomi. Owu, ukuba ibandla kuphela belingakubona oko, oko akuyiyiyo loo nto uyakuba yiyo, sele uyiyo! Lonto ngumtyholi ezama ukukuphanga loo nto.

178 "Ke," uthi, "ngoku ndiya kukuxelela. Ndingowa*le*." Andikhathali nokuba ungowantoni na.

179 Umelwe kukuba uzalwe, uhlaziywe, ubhaptizwe ngoMoya oyiNgcwele, kuYesu Kristu, udliswe ubomi kulo lonke iLizwi. Umoya wakho, ngaphakathi kwakho, uya kuphawula "u-amen" kulo lonke iLizwi leBhayibhile. Ngaphandle koko, ukuba u—ukuba uhlunguzela intloko kwelinye, wugxothe loo moya. AyingoMoya kaThixo lowo uyakuphikisa iLizwi likaThixo. Wona uyakuligcina iLizwi likaThixo. Hayi ukuba uyaLikholwa

nje kuphela, koko Ulenza Liphile. Ubonakalalisa iLizwi likaThixo. Ewe, mhlekazi.

180 Qaphela kananjalo abo abangcwele beTestamente eNdala. Ngokunokwenzeka, phantsi kwedini lakudala, babelindele eli litsha ukuba lifike, babenesazela esilungileyo ngokubhekisele kuThixo. KuMateyu 27 sixelelwa ukuba xana uYesu wavukayo waza waphuma engcwabeni, ntoleyo besisandula ukuyibhiyozela kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, iPasika, iBhayibhile yathi abaninzi babangcwele ababelele eluthulini lomhlaba bavuka eluvukweni Lwakhe, kwaye bangena esixekweni baza babonakala kuninzi. Yintoni ababeyiyo? Babe kukubonakalaliswa kweLizwi likaThixo ledinga. Ekukuphela kwendawo leyo uThixo ahlangana kuyo, phantsi kwelaa dini.

181 Ngoku kwabaseTesalonika Bokuqala 4:16, iBhayibhile yatsho, kananjalo, ukuba abangcwele beTestamente eNtsha bayakuza kunye naYe xana Ebuya kwakhona, abo badliswe ubomi kuYe ngoku. Ungena njani kuYe? Ngobhaptizo lokomoya, amandla kaThixo, indawo leyo Ahlangana kuyo, kuYesu. Ngoku uYesu uyindlela kaThixo ebonelelweyo.

182 Ngoku qaphela, uYesu wayeqiniseke kakhulu oko Awayekuko! Wayesazi ukuba WayenguNyana kaThixo. Wayesazi ukuba Wayezelwe yintombi enyulu. Wayesazi ukuba sonke iSibhalo sasizibonakalalisa ngoKwaso kanye ngaYe. Wayeyazi ngokugqibeleleyo kakhulu, de Wathi kwabo bakhi betempile, ngaloo mhla, Wathi, “Yitshabalaliseni le tempile, kwaye Ndiya kuyivusa ngeentsuku ezintathu.” Cinga nje ngaloo nto. “Yitshabalaliseni, kwaye Ndiya kuyivusa ngeentsuku ezintathu.” Ngokuba? YayiliLizwi elibhaliweyo Lakhe.

183 UDavide wathi, “Andiyi kumshiya oNgcwele waM kwelabafileyo, andiyi kuwushiya umphefumlo Wakhe esihogweni, Ndingayii kumyekela OyiNgcwele waM ukuba abone ukubola.”

184 Ngoku, uYesu wayesazi ukuba lowo yayinguYe. Kungekho mbuzo engqondweni Yakhe. Kwaye Wayesazi ukuba, amashumi asixhenxe anesibini eeyure, umzimba uyonakala, ngelinye ixesha phakathi kwezo yure zingamashumi asixhenxe anesibini Wayebuyela ebomini kwakhona, ke Wathi, “Yitshabalaliseni le tempile, Ndiya kuyivusa kwakhona ngeentsuku ezintathu.” Ngokuba? ILizwi lalibhaliwe ngaYe. Lalibhaliwe ngaYe, ngokuba Wayekukubonakalaliswa kweLizwi likaThixo elibhaliweyo laloo mhla.

185 Ke, kumele ukuba kubekho, haleluya, kumele ukuba kubekho, mzalwana, phaya ndaweni ithile, elikaThixo iLizwi likaThixo elibonakalalisiweyo namhlanje. Kwaye leyo yinto ekwanye, kuba Wathetha ngale mihla kwaye Watsho oko kwakuyakwenzeka kule mihla. Ubesele esixelele. Siyazi ukuba yintoni eya kwenzeka. Kwaye siyayibona ibonakalalisiwe kuni,

ngoko nikwiBandla likaThixo. Ngaphandle koko, ninokuzibiza, "UmWisile, umBhaptizi," okanye nantoni na eyenye, ayinakuze isebenze. kwakukho kuphela indawo enye yokuhlangana, leyo ikuKristu Yesu. Owu, namhlanje, owu, indlela leyo namhlanje endingathanda ngayo ukuba wonke umntu akubone oko, abone indlela ekungenwa ngayo, ekubeni ubhaptiziwe. UMtshakazi uyinxalenye yoMyeni wakhe. IBandla liyinxalenye yeLizwi, ukubonakalaliswa.

186 Ngoku leliphi ibandla okulo? Ingaba ukwihlelo? Ukuba ukulo, ngokungqongqo ndiyakuxelela ngoku, useLawodike. Kodwa ukuba ukuKristu, usisidalwa esitsha, kwaye ukwiBandla likaThixo ophilileyo, ngokubonakalaliswa kwezo zinto zinye ezo Wazenzayo ngomhla Wakhe ziyakubuyela emva apha kulo mhla, lisenza kwaloo nto inye leyo Wathi Liyakuyenza. Ngoko, elo liBandla lokwenene. Ungena kuLo ngobhaptizo lokomoya, hayi ngokuzixokomezela, hayi ngokuthile okwengeziweyo, kodwa ngokubhaptizelwa ngoMoya oyiNgcwele eMzimbeni Wakhe. Kulungile. Kukuphela kwendlela kaThixo ebonelelweyo leyo Asishiyele yona ukuba siyenze, kukubhaptizelwa eMzimbeni Wakhe, ngoMoya Wakhe.

187 UYesu wathi, kuYohane oNgcwele 14:12, "Lowo ukholwayo, ngelixesha esekuM!" Akumangalisi abantu besithi iintsuku zemimangaliso zidlulile, akumangalisi bethetha ezi zinto. "Lowo ukholwayo kuM, hayi ukholwayo ndiM, kodwa ukholwayo kuM, imisebenzi leyo eNdiyenzayo uyakuyenza naye." Ngokuba? BuBomi Bakhe. Zizivuthisi Zakhe kubuxhakaxhaka Bakhe, ezo zikuwe, ezo zivuthisayo, zilenza lihambe lize lenze imisebenzi leyo eyathenjiswayo ukuba liya kuyenza. Okanye, ubomi bam kuYe, bundidlise ubomi ngoMoya Wakhe, ukwenza iLizwi Lakhe, elo elibubuxhakaxhaka, elisebenza ngezivuthisi Zakhe. AmaHebhere 13:8, "UYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade."

188 Ngoku kananjalo kuMarko isahluko se-17, umqolo wama-30, kaMarko oNgcwele. Phulaphulani, ekuvaleni. UYesu wathembisa ezi zinto ngemihla yokugqibela, ukuba Yena "ikwanguye izolo, nangonaphakade." Wathembisa, kuMalaki 4, ukuba Uyaku "guqula iintliziyo zabantu, kwimihla yokugqibela, zibuyele kuKholo looyise." Wakuthembisa oko. Wathembisa, kwiindawo ezininzi kakhulu eBhayibhileni, izinto ezo Ayakuzenza. "Kuselixeshana kwaye ihlabathi lingabi saNdibona kwakhona, ukanti nina niyakuNdibona; Ndiya kuba nani, ndibe kuni rhoqo, nkqu nokuya esiphelweni sehlabathi." Kwaye qaphela kuLuka oNgcwele kwakhona, 17:30, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom!"

189 Niyazi ukuba kwenzeka ntoni eSodom? Khangela eCalifornia; hayi kuphela eCalifornia, e-United States; hayi kuphela e-United States, kodwa kwihlabathi liphela.

190 Khangela le mpambano yabasafikisayo! Ngokuba, sasine . . . Ndanixelela ngenye imini, babethabatha uhlalutyo phaya lwezikolo e-Arizona apho ndihlala khona, kwaye amashumi asibhozo eepesenti abantwana esikolweni bakhubazekile ngengqondo. Baya kuba yintoni abantwana babo? Asinakuba nesinye isizukulwana. Sisekupheleni. UYesu wathi ezi zinto ziyakuza.

191 Khangela kubo bonke oomabonwakude nezinto zisenza ezi zinto ezingeyonene zilungelelana. Kuyakufika ixesha, ndiyaqikelela, apho abantu bayakube ngokupheleleyo, bephambene ngokupheleleyo, ihlabathi liya kubanjalo. IBhayibhile ithetha ngenjalo imibono eyoyikekayo njengokuba beyibonisa kwimiboniso bhanyabhanya namhlanje, yamaqanda esidalwa esithile sembali yangaphambili esaphila emhlabeni kumawaka amaninzi kakhulu nezigidi zeminyaka, saqandusela kwaza kwaphuma ethile . . . Leyo yinto nje encinci, kwinto eyakwenzeka xana isihogo sivuliwe kwaye umtyholi ephumile nazo zonke izinto zakhe ezifihlakeleyo, zabafazi . . . okanye inkumbi ezineenwele ezinje ngezabafazi, namazinyo anjengaweengonyama. Ngokuba, ihlabathi liya kube ngokupheleleyo, liphambene ngokupheleleyo. Akukho kude kodwa nje malunga neqondo elinye ukusuka koko ngoku.

192 Owu, ngenxa yozuko lukaThixo, ngenxa yokuBuya kweNkosi uYesu, ngenxa yoMoya oyiNgcwele, ngenxa yokwazi njalo, ngenxa yoBukho obuphilileyo bukaThixo ophilileyo!

193 UYesu wathi, kuMarko oNgcwele phaya, Wathi, “Ngaloo mini uNyana womntu uya kutyhilwa.” Ngoku, khumbula, hayi uNyana kaThixo. Weza ngamagama amathathu oonyana: UNyana womntu, uNyana kaThixo, uNyana kaDavide. Xana Wayesemhlabeni, Weza njengoNyana womntu, Wayengumprofeti. UNyana womntu ngumprofeti. UYehova ngoKwakhe wababiza abaprofeti, uYeremiya nabo, “Nyana womntu, yintoni oyibona na?” UYesu weza, ngokuba Wayemelwe kukuba eze ngokweSibhalo, njengoNyana womntu. UMoses wathi, “INkosi uThixo wenu iya kunivelisela umProfeti, onjengam.” Kwaye Wayemelwe kukuba ngumprofeti, uNyana womntu.

194 Kodwa emva kokufa Kwakhe, nokungcwatywa, nokuvuka, ngoku Ube nguNyana kaThixo, ongaphezu kwendalo, uMoya oyiNgcwele.

195 Kodwa Wathembisa, kanye nje ngaphambi kokufika kwexesha lesiphelo, ihlabathi liya kuba njengokuba lalinjalo eSodom, xana uMntu wehla ekwimo yomntu; abathathu babo, iiNgelosi ezimbini noThixo ngoKwakhe. Lowo yayinguThixo. IBhayibhile yathi yayinguye. Ngoku Wehla waza Wazibonakalalisa ngoKwakhe phaya, ngokufulathelisa umqolo Wakhe kwi—kwintente apho uSarah wayekho, waza

waxelela u-Abraham loo nto uSara wayeyicinga esententeni. Kunjalo oko? Ngoku, uYesu ngoKwakhe wathi, "Ngomhla xana uNyana womntu eyakube etyhiliwe," ngamanye amazwi, "uNyana womntu, ulungiselelo lukaYesu Kristu ngoKwakhe."

196 IBandla liyakuza ngogwetyelo ngoLuther, ngongcwaliso ngoWesley, ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, namaPentekoste, kwaye liqhubeke kanye ukuya kungena kwingqibelelo yoNyana womntu, apho kuxana uMyeni neNkosikazi beya kuba ngaBantu abanye buqu, UThixo uyakube ebonakalaliswe ngolona hlobo kuMtshakazi Wakhe, iBandla Lakhe, de Bobabini babe banye, BaNye. Ngoku niyabona apho sikhoyo.

197 Musani ukubambelela kwezo zithethe kunye nemvumo nkolo. Zazilungile ngomhla wazo, kodwa intyatyambo iye yadubula ukuya kwintyatyambo ngoku. Lixesha lembewu. Kunjalo oko.

198 UYesu wazithembisa ezi zinto. Ngoku, xana sibona uThixo esenza idinga Lakhe liphile phambi kwethu kwaye silibona ukuba lingaphakathi kuthi, kwaye uMoya Wakhe uphila ngaphakathi kuthi, leyo kukuphela kwendlela yokunqula, ekuphela kwendawo yokunqula, ekuphela kwendlela eyinyani unokunqula ngayo, "Kuba akusekho ukugwetywa kwabo abakuKristu Yesu." UThixo wenza idinga. UYesu wathi, "Izinto ezo eNdizenzayo, niya kuzenza nani," nalonto Ayakuyenza ngomhla wokugqibela. Indlela eza ngayo ngesi sisigaba, ingekuko ukukhanya nokuba yimini, iyakuba—kuba njengexesha lobumnyama, kodwa wathi, "Ngexa langokuhlwa, kuyakubakho ukuKhanya."

199 Ilanga liphuma empuma lize litshone entshona. Kwa elo langa linye eliphuma empuma litshona entshona, impucuko iyeyahamba kunye nalo. Liye lahamba phezu kwemizimba emithathu yamanzi, izimo ezintathu zobhaptizo. Owu, ewe, ukusuka e-Asiya, ukuya ngaphaya eYurophu; ukusuka eYurophu, ukuya kungena eNgilani; kwaye ukusuka eNgilani, ukuya kungena e-United States.

200 Kwaye ngoku sibuyele kanye ngqo emva kwakhona, kwaye apha sihleli ngale mvakwemini, kuNxweme lwaseNtshona, apho isithintelo sesono sonke samandla obumnyama sifumba khona apha. Le miboniso bhanyabhanya kunye nemidlalo kamabonwakude, namadoda ancamisa abafazi phaya, kwaye efaka ityhefu ezingqondweni zamantombazana amancinci.

201 Ingaba benisazi ukuba nayiphi na indoda encamisa umfazi ngokomthetho wokuziphatha ibophelelekile ukuba imtshate? Ngokunokwenzeka sisenzo sokwabelana ngesondo. Ngokuqinisekileyo, siso. Ewe, mhlekazi. Ingaba yintoni leyo? Ngamadlala endoda emilebeni yendoda, kunye namadlala obufazi. Xana amadlala obudoda nawobufazi ehlangana kunye, oko kukwabelana ngesondo.

202 Khangela kwiHollywood, khangela kumantombazana amancinci elele phandle apha ezipakini, namakhwenkwe ezityikatyika phezu kwala mantombazana, nezinto ezilolo hlobo, kwaye nkqu ecula ezikwayaleni. Kwaye aba Elvis Presley, na njalo njalo, abo esinabo namhlanje, lihlazo kwigama laseMelika, kulonto ookhokho bethu abayilwelayo kwaye bopha baza bayifela.

203 Kodwa iyure ifikile leyo zonke izikumkani kuya kufuneka zinikezele, ngokuba kukho ubuKumkani bukaThixo obo buzimasiweyo entliziyweni yomntu, ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele noBukho bukaYesu Kristu. Kwaye uKristu uyakuza kuMtshakazi Wakhe kwaye uyakumisa ubuKumkani apha emhlabeni, obo obungasayi kuncitshiswa. Ungena njani kobu buKumkani? Uyazalelwa kuBo. Ukwazi njani? Nje gcina. . . Ungaba ngowobuKumkani njani uze ungavumelani nokumkani? Yabona, uyakuba. . . Kwaye uKumkani liLizwi. "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama waza wahlala phakathi kwethu. Ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade."

204 Bamazi njani ukuba WayenguNyana womntu? Wayeya khangela phandle phaya phezu kwesihlwele aze abone loo nto ababecinga ngayo. Siyayazi ukuba leyo yinyani. Ikwanguye namhlanje. Ingaba niyakukholwa oko?

205 Ingaba uBilly uwakhuphile nawaphi na amakhadi omthandazo? Oko ndilibele ukumbuza kona. Ingaba uwakhuphile amakhadi omthandazo? [Ibandla lithi, "Ewe."—Mhl.] Uwakhuphile amakhadi omthandazo. Kulungile.

206 Ndiya kukuxelela. Ukuba unokholo ngokwaneleyo, Ndinokholo lokukholwa ukuba uThixo, Lowo owenza idinga, unokuzingqinela ngoKwakhe ukuba unguThixo kanye apha, ngaphandle kwakhe nawuphi na umntu oza kweli qonga. Ndiziva ukuba ndithabathe inyathelo lokuqala, ngenxa yedinga leLizwi likaThixo ophilileyo. Khangela apha, makhe ndinibonise into ethile. La mandla adlisa ubomi, siya kuWasebenzisa. Makhe ndinibonise. Bangaphi abakholwayo ukuba ninaloo mandla adlisa ubomi? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ke, yintoni ingxaki ngezandla zenu phezu kwabagulayo?

207 Xana abo bafundi bamkela amandla adlisa ubomi phezu kwabo, ngoMhla wePentekoste, yintoni abayenzayo? Baphumela phandle kwaye babeka izandla phezu kwemilwelwe, yaza yaphila. UYesu wathi, kuMarko 16, "Oko kuya kuqhubeka kude kube sekupheleni kwehlabathi." Ixesha elingakanani, kwisigaba sabapostile? "Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nishumayele iVangeli kuko konke okudaliweyo. Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo; ukuba bathe babeka izandla zabo phezu kwabagulayo, bayakuphila." Lawo ngamandla

adlisa ubomi njengokuba ayenjalo phezu kwamathambo ka-Eliya, kumathambo ka-Elisha. Kwaye kwa loo mandla manye adlisa ubomi aphezu kwabangcwele abo awabavusayo. Ukuba kwaloo mandla manye adlisa ubomi akuthi, bekani izandla zenu phezu kwabagulayo, bayakuphila.

208 Ndiyendaqaphela apha, ndiphantse ndayeka ukuba nocalulo, kwakhona, nje ndibeke izandla zam phezu kwabagulayo. Bendikhe ndaqaphela xana, bethu, izinto endingazange. . . Andizange ndifike kwisinye kwisithathu sabantu, kungenjalo. Ngale ndlela, ndifumana abangaphezulu kunokuba ndakha ndafikelela kubo. Kwaye ndifumanisa iziphumo ezingcono, ngokuzinikela nje kwam ezingalweni zikaThixo, ndize ndithi, "Nkosi Thixo, Wakuthembisa oko. Sisithembiso Sakho; ayisosam, seSakho, kwaye Wathembisa ukuba Uyakuyenza loo nto. Kwaye ndikubonile Uyenza loo nto. Kwaye ndiyakukholwa ukuba Uya kuyenza, ngokuba ndiye ndabhaptizelwa eMzimbeni Wakho, kwaye uMoya Wakho apha ukuba uphawule ukuba leyo yiNyaniso." Amen. Leyo yindawo yonqulo. Emva koko ungena endaweni, "zonke izinto zinokwenzeka." Emva koko ungena kwindawo leyo ezakho—leyo ezakho iinjongo nokuzimisela, ukwenzela ezakho iimpumelelo, yintando nje kanye echanekileyo kaThixo. Kwaye xana ubeka izandla zakho phaya kwaye ukukholwe oko, iyakwenzeka. Ingaba niyakukholwa oko?

209 Ndiyakholwa, ngaphambi kokuba nalinye ikhadi lomthandazo libizwe, okanye nantoni na eyenye, ukuba uThixo uSomandla angandixelela into eninayo phandle phaya, kwaye nalonto ekufanele niyenze, naloo nto ebekungafanele ukuba niyenzile. Oko kukuthabatha inyathelo, kunjalo, ndiyazi ukuba oko kunjalo, kodwa yiloo nto kanye uThixo afuna ukuba siyenze. Ingaba niyakukholwa oko na? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Bangaphi abayakukukholwa oko ukuba uThixo uyakukwenza oko? ["Amen!"]

210 Akukho mntu uhleli phambi kwam lowo endimaziyo, lowo endinokucinga ngaye, okanye ndibone nabani na lowo endimazi ngokwenene. Bangaphi abaziyo, phandle apha, sonke singabangaziwayo, phakamisani izandla zenu. Abaziyo ukuba andazi nto malunga nani, phakamisani izandla zenu. Naphi na esihlweleni, abaziyo ukuba andazi nto malunga nani. Ndiyaqikelela ukuba kukuyo yonke indawo, ngakumbi phezulu apha. Ngoku mhlawumbi abanye abantu nje. . . Andibazi. Abazange nje baziphakamise izandla zabo, kodwa a—a—andibazi, nakanjani na. Ndiyakholwa ukuba ndibona uRichard Blair ehleli kanye apha. Ndiyakholwa ukuba kunjalo oko. Ndinako. . . Kumnyama ezantsi phaya. Kukho izibane *ngale* ndlela. Andiboni.

211 Kodwa khangela apha, ndizama ukunixelela, ukuba, xana loo mandla adlisa ubomi engena kuwe, nguYesu Kristu. Xana

uYesu wabeka izandla Zakhe phezu kwabagulayo, baphila.

212 Xana uYesu wayenamandla adlisa ubomi ukuMdlisa ubomi, njengoMntu, Wayenokukhangela phandle aze axele iingcinga ezo ezaziphezu kwabantu, abaxelele into ababecinga malunga nayo, lonto abayenzayo. Efulathele ngomqolo Wakhe kubo, abaxelele kwaloo nto inye, "Yini na ukuba nicamange ezintliziywеni zenu?" Umfazi wachukumisa ingubo Yakhe, Wathi, "Ngubani na oNdichukumisileyo?" Wakhangela macala waza wamfumana, kwaye wathi, "Ndiyaqaphela ukuba amandla aphumile kuM. Ukholo lwakho lukuphilisile." Loo Yesu Kristu. Oko kwangqina ukuba apho iBandla likhoyo, nalonto angawokwenene amandla adlisa ubomi kaThixo ayenzayo emntwini. Ingaba niyakukholwa oko?

Makhe sithobiseni iintloko zethu nje okomzuzwana.

213 Thixo othandekayo, siye saba nomlo noSathana ngale mvakwemini, kule miboko, ndisazi ukuba abo bantu mhlawumbi abafumananga nesiqingatha sawo, ukubuyela kwezwi ngeenxa zonke kwi . . . kwisakhiwo ngolo hlobo. Kodwa ndiyathandaza, Thixo, ukuba uMoya oyiNgcwele uyakuthabatha oko bekumele ukuba kube njalo, Nkosi, ukuvumela abantu babone ukuba asingobantu bathile bafileyo igquba labarhuqekayo loosithemba njalo. Thixo, siyaphila ngoku, sidliswe ubomi ngamandla ovuko lukaKristu. UYesu Kristu uphila kuthi. Siyakukholwa oko, Nkosi.

214 Asibangi luzuko olulolwethu. NjengakwiNtaba yoTshintsho, apho wonke ubani wethu wayemelwe khona phaya; kwakukho uMoses, lowo owafayo wabuya wavuka kwakhona; kwakukho u-Eliya, abangcwele abadliswe ubomi abo abayakuxwilwa ngomhla wokugqibela. Owu, babona ngoko, xana bakhangela emva, babona uYesu kuphela. Siyazi, Nkosi, asifuni ukuba abantu babone thina. Asikho apha ngenxa yaloo njongo. Makube kude oko!

215 Kodwa, Nkosi, kuyayivuyisa intliziyo yethu xana sibona uYesu ezukisiwe phakathi kwethu; xana siMbona ezukisiwe, xana sibona iLizwi Lakhe, lowo Yena uliLizwi; xana sibona sinokuyifunda apha eBhayibhileni, apho Wathembisayo ukuba Uyakuyenza, ngoko siMbona esebenza oko kanye kuthi, Owu Thixo, indlela oko okusenza sizive sithobekile ngayo, ukuba siyazi ukuba uBukho Bakhe obuphilileyo . . .

216 Asizange sizimanye nanto okanye sizifumanele nto phantse simahla. Siyakholwa nje, Nkosi, ukuya eBomini obunguNaphakade. Kwaye Wasitywinela phaya ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, waza wadlisa ubomi imizimba yethu, kwaye wadlisa ubomi imiphefumlo yethu, kwaye wasidlisa ubomi ngoko ukuba sibone imibono, kwaye siprofete, kwaye sithethe ngeelwimi, sibone imiqondiso emikhulu kunye nezimanga zisenzeka. Ngokuba, nguThixo ophilileyo. Singene

kuloo Mzimba. Xana, kwihlabathi, kububudenge kwabo batshabalalayo; kodwa kuthi abo bakholwayo, oko ngamandla kaThixo, asingise eBomini obunguNaphakade. SiyaKubulela ngako oko, Bawo.

217 Ngoku makhe kwazeke kulo mhla, Nkosi, ukuba Wena unguThixo, ukuba Awuzange uyiguqule ingcinga Yakho malunga nelinye iLizwi elo Owakha walithetha. Kwaye ukwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, kwaye eyeyona—eyeyona kwaye ekuphela kweNdlela leyo uThixo aboneleleyo ngayo. Ekuphela kweNdoda leyo uThixo awakha walibeka kuyo iGama Lakhe, yayinguNyana OngoWakhe Lowo Owathwala iGama Lakhe, uYesu; uThixo, uYehova, uMsindisi, u-Imanuweli, uCango kubuhlanti bezimvu; Lowo oWayekho, UkhoYo, kwaye Oya Kuza; iNgcambu neNzala, kokubini iNgcambu neNzala kaDavide; iKhwezi loKusa, iNyibiba yaseNtlanjeni. Owu Thixo, indlela ekumangalisa ngayo! Akumangalisi u-Isaya wathi, "UMcebisi, iNkosana yoXolo, UThixo oligorha, uBawo ongunaphakade." Owu, asinaye omnye uBawo ngaphandle Kwakho, Nkosi. UnguBawo wethu. UnguMama wethu. Ukuko konke oko esikuko, konke oko esiya kukha sibe kuko. Asiyi kubona nantoni eyenye ngaphandle koYesu ezukisiwe!

218 Bawo, kusenokwenzeka ukuba ndenze ngokungekuko ukuphuma koku, ngale mvakwemini, kodwa thabatha iimvakalelo zentliziyo yam, kwaye undive, Thixo othandekayo. Kwaye makhe kuthiwe, ngalo mhla, ukuba uYesu Kristu wazukiswa kanye apha kule tempile. Siphe oko, Bawo, kuba sikucela eGameni Lakhe, kwaye njengokuba ndilindile ngokuthobekileyo nesi sihlwele, ukuKubona uhamba ngoMoya Wakho. Amen.

219 Ngoku ndifuna ukuba nindenzele lento inye. Ndifuna ukunibuza umbuzo omnye ondilisekileyo. Ndifuna ukuba nindiphendule njengokungathi bekulixesha lokugqibela elo eniyakukha niphendule nabani na ebomini benu. Ingaba niyakholwa ukuba yiNyaniso? Ingaba niyakholwa ukuba akukho bandla okanye ihlelo elinokuqatshelwa kuBukho bukaThixo? Ingaba niyakukholwa oko? Akukho nanye. Kuphela ngabo bazalelwe kuYesu Kristu, abathabathe iGama Lakhe! Kunjalo oko.

220 Uthabatha iGama Lakhe xana uzalelwe phaya, hayi ngobhaptizo lwamanzi. Nangona usenokubhaptizwa eGameni Lakhe, kodwa oko akulithabathi iGama Lakhe. Uthabatha iGama Lakhe ngokuzalwa, hayi ngamanzi. Yabona, ubhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu, ewe, mhlekazi, ebudlelwaneni; kodwa ubhaptizwe ngoMoya oyiNgcwele, kuYesu Kristu. Ke ungabhaptizwa izihlandlo ezilikhulu, nangayiphi na indlela ubufuna ngayo, ngenye indlela, oko akunakwenza mahluko. Kodwa xana uthe wabhaptizwa

ngoMoya oyiNgcwele, eMzimbeni kaKristu, uba ngunyana okanye intombi kaThixo, kwaye, "Lonke iLizwi liyinyani!" Kwaye, ngoko, Wakwenza oko ngenxa yaloo njongo.

221 Njengokuba ndatshoyo ngenye imini, xana uThixo washukumayo waza wabetha ilanga ukunqumleza umhlaba, Wayesazi loo mithi yesundu nayo yonke into yayilele ezantsi phantsi kwaloo mhlaba. Yena . . . Zaziyinxalenye yomhlaba ngeloo xesha, ke nani ngokunjalo.

222 Kwaye xana Wamvusayo uNyana kaThixo, ngentsasa yePasika, waza wathumela uMoya oyiNgcwele, yayikukudlisa ubomi, kananjalo, laa mbewu yoBomi obunguNaphakade, leyo aWayaziyo ngenxa engaphambili ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, leyo eyayiyakuba lapha. Wayesazi ukuba lo mboko ubuya kwenza ngolu hlobo ngolurhatya. Wayesazi ukuba uya kuba onokokuziphatha unako. Ungongenasiphelo. Awunako ukukucinga oko ngengcinga yakho, kufuneka nje ukuba ukwamkele oko. Kodwa, makhe ndithethe le nto inye, loo Thixo mnye umi apha, ngale mvakwemini, ebantwini Bakhe.

223 Nokuba ungumWisile, umBhaptizi, umPentekoste, nokuba yintoni na onokuba yiyo, musa ukuthembela kumbutho othile. Kuba, abanakuze babe ngumbutho . . . Wenziwe ngeemfundiso ezininzi kakhulu ezahlukeneyo. Wenziwe ngegqu- . . . Umelwe kukuba ube ngumntu ngamnye, kuThixo. Kufuneka ukuba ube ngumntu ngamnye. UThixo usebenza nawe, hayi ebandleni lakho. Kufuneka ukuba uphile uhlobo lobomi obulungileyo ebandleni lakho okanye ebandleni apho unqula khona, kufuneka uphile olo hlobo lobomi olo ufanelwe kukuba lulo. Kodwa uyabona, bazoba iimvumo nkolo, na njalo njalo, leyo nkqu ungenako nokungena eminyangweni yabo ukuba awuyikholwa loo nto. Ke angathini uThixo ukukha angene phaya, xana ekubeni iLizwi Lakhe lihlala libonakalaliswa?

224 Wazi njani uLuther malunga nezi mbhaptizo no—nokubuyiselwa koMoya, xana wayesemva ngaloo mhla? Isityalo besingekaze sikhule ngolo hlobo. NoWesley wayengayazi loo nto. Kwaye namaPentekoste akazi ukuba kuqhubeka ntoni na namhlanje. Yinto efanayo, siyakhula kanye ukusuka kuni. Kunjalo oko. Oko bekunjalo kuso sonke isigaba, kwaye oko kuya kuhlala kunjalo.

225 Kwaye ndingakungqina, ngeBhayibhile, esi sisigaba sengqolowa. Khumbula, emva kwale mvuselelo inkulu . . . Akuzange kubekho omnye umbutho othe wavuka ukususela ngePentekoste. Ayinako ukwenza njalo. Isuka kwikhasi ukuya kwingqolowa, kwaye akukho nto yimbi ngaphandle kokhozo. Eso sisizathu. Iminyaka elishumi elinesihlanu . . . Ngesiqhelo, iminyaka emithathu, kwaye bafumana umbutho wayo nayiphi na imvuselelo. Buza nawuphi na umbhali mbali. Kodwa akukho mbutho emva kOku. Bazamile ukuvusa uSuku lweMvula

yakamva, kodwa niyabona ukuba kwenzeke ntoni na kuyo. Ayikwazi. Yingqolowa ngoku. Ewe, mhlekazi. Akusekho bathwali. Lukhozo lokwenene. UKristu uphakathi kwabantu Bakhe. Ingaba niyakukholwa oko?

226 Makhe siqalise ukusuka ng*apha*, kumgangatho osezantsi. Andikwazi ukuchola phaya, ekuboneni ukuba kukho abaninzi kakhulu benu. Bangaphi abakholwayo kum ukuba ndingumkhonzi Wakhe? Yibani nokholo kuThixo! Bangaphi ng*apha* abakholwayo ukuba ngaloo ndlela inye, yithi, "Ndiyakukholwa oko ngentliziyo yam yonke"? Ngoku yanga iNkosi uThixo ingasinika oku, ukuze nibe nokuwabona amandla adlisa ubomi. Yinto ethile, ubungqina obubalulekileyo, obo bukungqinayo oko.

227 Ewe, umntu othile angathi, "Owu, *oku* koKuya, *oku*, *okuya*." Kodwa makhe oko kwenze.

228 Ngoku, akunakwenzeka ngokupheleleyo ukuba ndazi nantoni na malunga nawe. Uyakwazi oko. Andazi ngaphandle komntu omnye, endinokukhangela kuye, kwaye lowo nguMfundisi uBlair ohleli phandle phaya, ukusuka kude emva empuma, ndiyakholwa ukuba kuse-Arkansas okanye ndaweni ithile emva phaya. Nguye kuphela esihlweleni, lowo endimbonayo lowo endimaziyo. Kwaye uThixo uyazi ukuba leyo yinyani. Ke oko kuya kufuneka ukuba kube yinto ethile leyo . . .

229 Nje kwenzekile ukuba ndibone ngapha, eli nenekazi lincinci lihleli ekupheleni phaya, linengxaki yokomoya othandaza ngayo. Ingaba uyakholwa ukuba uThixo uyakuyilungisa loo ngxaki yokomoya, kwaye ayilungise lonto? Kulungile, ungakufumana oko.

230 Beka isandla sakho phezu kwelinye inenekazi elihleli ngakuwe, kuba linenkathazo yesisu elisithandazelayo, kananjalo. Ehe. Kunjalo oko, dade? Phakamisela izandla zakho phezulu ukuba leyo yinyani. Andikwazi, andizange ndakubona ebomini bam. Amantombazana amabini antsundu.

231 Ngoku, yintoni leyo? Ingaba oko nje akuyiyo ngokuchenekileyo njengalonto Awathi Uyakuyenza? Kanye nje ngokuchanekileyo.

232 Apha linenekazi elihleliyo, likhangele kanye ukuphumela apha; lihleli, likhangele kum. Linenkathazo yentliziyo. Ingaba uyakholwa ukuba uThixo uyakuyiphilisa inkathazo yentliziyo? Ubuhleli phaya uthandaza, "Ndinqwenela ukuba bendinokufika phaya." Ingaba oko kunjalo? Wangawangisa isandla sakho ngolu *hlobo*, oko kunjalo. Ndikwazi njani oko ubukuthetha emthandazweni wakho?

Yabona, nje kholwa. Yiloo nto kuphela ekufuneka uyenzile, kukukholwa.

233 Apha kuhleli inenekazi kanye apha elo eliyakufa ngoko nangoko ukuba aliphiliswanga. Lona linomhlaza. Ingaba uyakholwa ukuba uThixo uyakuwuphilisa umhlaza? Ewe. Uyayikholwa? Wena, ekubeni uyewaba luhlobo lokucotha ekuphakamiseni isandla sakho, ingaba uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba ungubani na? Nksz. UGunn. Ngoku, ukuba oko kunjalo, wangawangisa isandla sakho ngolo *hlobo*, yabona. Kulungile. Yiya ekhaya, uYesu Kristu uyakukuphilisa.

"Ukuba unokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka."

234 Oko kubethe eli nenekazi lihleli phaya lithwele umnqwazi omnyama, elikhangele kum. Nalo kananjalo linomhlaza. Ingaba uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Ingaba uyakukholwa oko ngentliziyo yakho yonke? Ndithetha kuNksk. UMiller. Ingaba uyakukholwa oko? Andimazi umfazi, andizange ndambona ebomini bam, kwaye uThixo eZulwini uyazi ukuba oko kunjalo. Amen.

"Ukuba unganokukholwa!"

235 Apha ngumfazi ontsundu ehleli kanye ngapha ekupheleni, uthobise intloko yakhe. Wayefunda, ufunda malunga nomntu amthandayo, umntu othile amthandazelayo. Uza, eneneni, ukuthandaza...ukuba athandazelwe. Hayi akakho apha, ngumyeni wakhe. Kunjalo oko. Yena...Akakho apha. Usekhaya. Uye waba notyando, akabanga nalo? Kunjalo oko. Wayekhathazwa yinkathazo yesayinas, na njalo njalo. Leyo yinyani, akunjalo? Uyakulunga. Ukholo lwakho luye lomelela ngenxa yoko. Ingaba uyakholwa ukuba oko kuyinyani? Amen.

236 Ingaba aniboni ukuba uYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade? Buza abo bantu. Iye yahamba yanqumleza esihlweleni. Ingaba niyakholwa ukuba Ulapha? Ingaba niyaweva loo mandla adlisa ubomi ngaphakathi kuni? Ke, lowo nguThixo oniphilisayo, zihlobo. Ingaba niyakukholwa oko?

237 Ngoku ningandenzela into ibenye, ngaphambi ko...? Bangaphi apha abagulayo? Makhe sinibone niphakamisa isandla senu. Ngoku liya kwintsimbi yesihlanu entloko. Bekani izandla zenu omnye phezu komnye, kwaye makhe nje...Musani ukuthetha nagama ngoku, nje bekani izandla zenu omnye—omnye komnye. Ndifuna ukuba nenze into ethile.

238 Yithi, indoda ehleli kanye emva apha, ineloo hluma emqolo wayo. Ingaba uyakholwa ukuba uThixo uyakulisusa elo hluma emqolo wakho, mhlekazi? Ingaba uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Umfo oselula, okhangele kum, ubecinga ukuba uya kwedlulwa. Phakamisela isandla sakho phezulu, mhlekazi. Kunjalo oko. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, uThixo uyakulisusa ngenxa yakho.

239 Haleluya! Ndicela umngeni kuso sonke esi sihlwele, eGameni likaYesu Kristu! Ukuba unako, ukuba . . . Isazela sakho, musa ukusivumela ukuba sitshiswe ngokungakholwa, musa ukusivumela ukuba siphazamiseke. Ingaba animboni na uNyana womntu, uNyana womntu ekwimo yoMyalezo wesiprofeto, ebuyela emva kwakhona eBandleni Lakhe, ngesiprofeto, etyhila uYesu Kristu okwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade? Akuzange kwenziwe kuso sonke isigaba, kude kube leli xesha. Yabona? Nabo ubungqina bako oko.

240 Liyintoni iBandla? Ungena njani kuLo? Xana ungaphakathi phaya, yonke into leyo uYesu Kristu awayeyiyo, uyiyo, nkqu nokuba ngunyana nentombi kaThixo. Waba nguwe ukuze wena ube nguYe.

241 Eyona nto iyiyo yile, yokuba uyoyika ukuyisebenzisa, okanye mhlawumbi awusebenzisani neLizwi Lakhe. Ngoku, oko akuyikwenza nokuncinci ukulunga, kwaye a—andikhathali nokuba wenza ntoni na. Ukuba awuzi ngokupheleleyo kwelaa Lizwi, oko akunakuze kusebenze. Ngubani na onokundityhola ngento ethile Awayithethayo waza wayithembisa ngalo mhla, leyo ingazange yenzeke? Ngoko musa ukuphosa ihlelo lakho kum, kuba aliyi kusebenza.

242 Haleluya! Ndiyaziva, ndiyazi ukuba Ulapha. Ndiqinisekile ukuba Ulapha. Ndiyazi ukuba ngoku kukho amandla adlisa ubomi ngokwaneleyo eBandleni ukuphilisa wonke umntu lowo uhleli apha. Ingaba niyakuyikholwa? Ke, ngoko, niyakwenza njalo?

243 Ingaba niyakholelwa ekuthandazeleni abagulayo? Ingaba niyakholwa ukuba uYesu wathi, "Babeka izandla phezu kwemilwelwe, kwaye iya kuphila"? Kulungile, bekani izandla zenu phezu omnye komnye ngoku. Musa ukuzithandazela. Thandazela umntu olandelayo. Bayakuthandazela. Ngoku ngokuzolileyo nangentlonipho.

244 Nkosi, indlela endiKubulela ngayo, endinokuma apha kweli qonga kwaye—kwaye ndishumayele iLizwi elo elichasene kakhulu neengcinga zabantu namhlanje, bade baLibize "uqhekeko," bayakuLibiza "ukusebenzelana nemimoya," bayakuLibiza "imimoya emdaka," njengoko benzayo, xana, "uBhelezabhule." Kodwa ukuKubona kanye phakathi kwesi sihlwele sikhulu, ngale mvakwemini, ujike kanye kwalapha uqinisekise kwaye ungqine ngokuchanekileyo loo nto ishunyayelweyo, ukuba Yona iyiNyaniso.

245 Thixo, aba ngabantu Bakho. U—umtyholi uzamile ukumosha imiboko, uzamile ukonakalisa iingcinga zabantu, uzamile ukubathintela ekufumaneni Oku. Kodwa ndiyakholwa ukuba bayakukufumana Oko, nakanjani na, Nkosi. Ndiyabacelela ukuba bakufumane Oko. Ndiyabacelela ukuba bakwamkele Oko. Siphe, Nkosi, la makholwa, namandla adlisa ubomi, ukuba

xana bona…ukuba abathi baphile ukuze babone ukuBuya Kwakho, loo mandla adlisa ubomi ayakubavusa ngemihla yokugqibela.

246 Siphe nje kanye ngoku ukuba loo mandla adlisa ubomi adlise ubomi ukholo lwabo, Nkosi, kulonto bayenzayo. Kukho ikholwa elibeke izandla phezu kwekholwa, umzimba kumzimba, amandla emandleni. Kwaye lawo ngamandla kaThixo, ngonyana kaThixo okanye intombi kaThixo, ngoNyana kaThixo. Owu Thixo, wanga uSathana angabakhulula aba bantu! Banga bangaphiliswa ngale mvakwemini, ngokuvuka, amandla adlisa ubomi oBukho obazisiweyo, uYesu Kristu. EGameni likaYesu Kristu, kwanga oko kungaba njalo!

247 Izandla zenu phezu kwabantu zinamandla adlisa ubomi kuzo, ukuba nidlisiwe ubomi. Ingaba nifikile eBomini na? Ingaba uKristu uye waba luqobo kuni? Ingaba amandla kaThixo abonakalalisiwe na? Ingaba nikulo elaa Bandla, iBandla elibonelelweyo nguThixo? Ingaba ubaKulo njani na, ingaba wazi njani ukuba udliselwe ubomi kuLo? Iingcinga zakho ziphela, ubuqu bakho buphela, zikuKristu ngoku. Kwaye uKristu uphakathi kwabantu, eZiqondakalalisa ukuba uyaphila, eziqondakalalisa ukuba Ulapha emihleni yaseSodom.

248 Ngezo zandla zabo bantu, okokuba ubomi babo butshintshiweyo ekubeni ngabahambi bezitrato, ukusuka ebunxileni, ukusuka ekubeni ngamahenyukazi esitratweni, ukuya kwabangcwele bokwenene bakaThixo, bedliswe ubomi. Izandla zabo zibekwe ziphezu kwakho. BaseBandleni, ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, kwaloo mandla manye ayephezu kwamathambo ka-Eliya. Loo mandla manye abekwe phezu kwamagxa enu, phezu kwezandla zenu, phezu kweentloko zenu, kwaloo mandla manye adlisa ubomi; kunye naYe emi apha eqondakalalisa ukuba Uyaphila ukusuka kwelabafileyo, ezibonisa ngoKwakhe ukuba Uyaphila, apha ngoku wenza kwa ezo zinto ezo Wazenzayo kwaye engqina ukuba Oko yiNyaniso. Amen!

249 Ingaba ningaMkholwa ngoku? Ingaba niyakholwa ukuba ezo zandla zibekwe phezu kwenu zizandla ezinobuthixo, ingaba niyakholwa ukuba loo Moya lowo usidlisa ubomi ngoku, usenza ukuba senze izinto eziphambeneyo kwihlabathini, ingaba niyakholwa ukuba lawo ngamandla Akhe adlisa ubomi? Ingaba niyakholwa ukuba niseBandleni Lakhe? Ngoko, ukuba ninjalo, kwaye nikholwa ukuba ezo zandla ezo zibekiweyo phezu kwenu zizandla ezingcwele, eziyalelwe nguThixo; ngoko ndiyaniyalela, eGameni likaYesu Kristu, ukuba nime ngeenyawo zenu kwaye namkele impiliso yenu, wonke umntu lowo ubegula.

Owu, mKristu, uyayiqonda loo nto yenzekileyo na?

250 Ingaba niyaqaphela, ukuba ngaphandle kweso sitrato ngaphaya kunezigidi zabantu ezihamba kwezi zitrato,

namhlanje, oko akuyonto ehlabathini ngaphandle kokuhlohlwa kwi athom? Ingaba niyaqaphela ukuba abo bantu bafile esonweni nasezigqithweni, kwaye ubomi bumnyama; emabandleni kuyo yonke indawo, kwizifundo ezimbalwa ezincinci okanye into ethile kuhlobo oluthile lokugcinwa kwento ethile, kwaye ibizwe ngokuba yinkolo?

251 Ingaba niyaqaphela na ukuba niye navuswa kwabafileyo ukuya eBomini, kwaye nibhaptizelwe eMzimbeni kaThixo ophilileyo lowo udlise ubomi imizimba yenu, apho kukho ukuthetha ngeelwimi nokutolikwa kweelwimi, sibona uYesu Kristu ebonakalaliswa phakathi kwethu? Ngokuba, ukugula akuyi kuma kwiqela elinje ngeli. Vumela ukholo lwakho luye kuYe, kholwa kuYe! Yithi, “Nkosi Thixo, ndiyakholwa ngentliziyo yam yonke,” kwaye uya kuphiliswa.

252 Ingaba kukho aboni apha abo abayakuthanda ukungena kulaa Mzimba? Phakamisani izandla zenu, kwaye nithi, “Andizange ndingene kuWo, andizange ndizaliswe nguMoya oyiNgcwele, kodwa, Mzalwana uBranham, ngokuqinisekileyo ndiyakunqwenela Oko ngale mvakwemini. Ingaba uyakundithandazela?” Phakamisani izandla zenu. Musani ukuba neentloni, nikuBukho Bakhe. Nje khangela ezandleni! Khangela ezandleni!

253 Ngoku wonke umntu ofuna ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, phakamisani izandla zenu, naphi na apho nikhoyo, abo baLufunayo.

254 Ngoku nina abo banawo uMoya oyiNgcwele, abo bemi kufutshane nabo, bekani ezenu ezingcwele, ezingcwele izandla phezu kwabo. “Ukuba uMoya oyiNgcwele, lowo owamvusayo uYesu kwabafileyo, uhleli kuni, udlisa ubomi imizimba yenu enokufa, ukusuka ekufeni ukuya eBomini.” Uzisa umzimba uphela ekuthobeleni uMoya. Ngoku masithobiseni iintloko zethu, kwaye wonke ubani athandazele abo bantu bafuna ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Kwaye ndiyakholwa ukuba uThixo uyakuzalisa ngamnye wenu, kanye ngoku, ngoMoya oyiNgcwele.

255 Kutheni silindile, zihlobo? Niyakulinda ixesha elide kakhulu, ngolunye lwezi ntsuku. Le yiyure. Musani ukulinda kwakhona. Nilapha kanye kule tempile apho ninobusuku bonke bokuhlala kwaye nithandaze.

256 Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uyakuthumele uMoya oyiNgcwele kwakhona, njengomoya ovuthuza ngamandla, zalisa yonke indlu, emva koku kuzazisa okugqibeleleyo apha, ngale mvakwemini, okokuba Uyaphila kwaye ukunye nabantu. EGamani likaYesu Kristu. Amen.

